

# U—Pumzo

OKANYE

*U-Mfana wase-Qagqiwa.*

(I-NOVELI.)

---

Ibálwe Ngu

D. S. PETANA.

A  
496  

---

371106  
PET


PRINTED AT THE MISSION PRINTING PRESS,  
PALMERTON, 1933.

BAA

No. 68711 Class # A1496.371106


PET

African Studies Seminar.




G. & S. LTD. C.T. 15M/4/42. (RED.)





Date Due

---



# U—Pumzo

OKANYE

*U-Mfana wase-Qagqiwa.*

(I-NOVELI.)

---

Ibálwe Ngu

**D. S. PETANA.**

---

PRINTED AT THE MISSION PRINTING PRESS,  
PALMERTON, 1933. :

**SHUTER & SHOOTER**  
BOOK & STATIONERY EXPERTS.  
PIETERMARITZBURG.





# *Lencwadana Isisipo*


ku Ma wam otánde kayo,

**U-Nkosikazi Mary Nukuna Petana.**

Ngotándo nangombulelo onzulu ngenxa yemigudu  
yake encomekayo akade endenzela yona kude  
kuba kunakaloku nje.

---

“Wanga u-Tixo angawaféza onke amabóngo akó  
ngam.”



## ISIKÓKELISO.

Lencwadana ye-bali elingo-Púmzo nabazali ba-ke, ekubeni ndiyifunde ngocoselelo ndingatsho ukuti inendawo ezibalulekileyo ezingati zibeluncedo ngakumbi kumntu oyakuti akuba eyifundile ayifumane njengomcebisi wake, kuba abazali baka-Púmzo bapumelela nomqweno wabo, bekokelwe ngu Moya Oyingewele. Kuba benza isiseko ngomtandazo.

“Funani-ke tanci ubukumkani buka-Tixo nobulungisa bake, zaye zonke ezonto ziyakongezelwa kuni.”

Benjenjalo ke abazali baka-Púmzo.

Le mbáli ingasikúmbuza ngo-Augustine, no yise u-Patricius no nina u-Monica; liyafana kanye elibali lika-Púmzo nelika St. Augustine kwahlukana ngendawana ezincinane. Uyise ka-Augustine wayengenguye um-Krestu, unina wake wayengum Krestu-kazi. Kodwa umqweno wabo wawufana ukunga umntwana wabo angafunda. Bamtumela ke kwisi-Kula esisekaya e-Madaura. Uyise wayoyindoda eyaziwayo kwesosixeko sase Thagaste kwicala lase-Node yase-Afrika. Ngoku esosixeko sibizwa ngokuti kuse-Algeria. Yayiyenye yamadoda azinkokeli, kodwa wayengesiso isityebi. Unina ka-Augustine wenza imizamo emikulu okokuba unyana wake amkulisele ebukrestwini. Ute akuyifeza imfundo yake ekaya, Abazali bake bacinga ukumtumela kwisi-Kula esikulu e-Carthage, ngelixesha iminyaka yake yayilishumi elinesihlanu.

Abazali bake ababanga namali yokumsa esi-Kuleni, waza unyana wabo wahlala ekaya unyaka wonke, ngeloxesha u-Augustine wangena kwintlo-ndi ezimbi atsalelwe kuzo ngamakolwane akohla-

keleyo. Kodwa u-Nina onotando wateta naye futi unyana wake okokuba aziyeke indlela ezigoso. Kodwa uyise wayengamkalimeli unyana wake kwezozinto zimbi, kodwa wayemncoma emkutaza, lomfazi wayetwele ubunzima obukulu, kuba indoda yake yayinomnqweno omnye kupela, wokunga unyana wake angafumana imfundo epakamileyo. Kanti yena u-Monica wayenomnqweno wezinto ezimbini, imfundo epakamileyo, nobu-Krestu. Kodwa ngemitandazo yake indoda yake yaguquka. Unjalo u-Tixo ukumnceda umntu okalela kuye ngentliziyo yake yonke. Uyise ka-Augustine wabubá engekayi esi-Kuleni unyana wake, lomsebenzi unzima kangaka wabapézu ko-Monica, imalana ababenayo yayincinane. Kodwa ngoncedo lwendoda eyayisisityebi engum-Roma yamnika u-Monica okokuba amse unyana wake e-Skuleni. Wamtu-mela ke kwisi Kula esipakamileyo sase Carthage. Waye lomfazi ehleli ekutandazeni. Wayigqiba u-Augustine imfundo yake epakamileyo. Emva kwemitandazo neziyalo zika Nina enenyembezi wade waguquka unyana wake wabáptizeshwa ezivuma iziposo zake ezininzi pambi ko-Tixo nabantu, wenza umbulelo u-Nina ku-Tixo, ngoncedo amenzele lona ngokumkanyisela ngo Moya wake Oyingcwele, okokuba afumane ilizwi lika Tixo, nemfundo epakamileyo. Wabubá unina. Wababuhlungu kunene u-Augustine akwahlukana nonina obemtanda ngentliziyo yake yonke.

Waye e-Hippo. Wayakupúlápúla intshumayelo ye-Bishop u-Valerius. Abantu bamcela okokuba abengumncedisi we-Bishop leyo, wenziwa um-Priste, emva koko i-Bishop yamenza i-Bishop encedisayo, yati yakububá i-Bishop u-Valerius, u-

St. Augustine waba yi-Bishop yase Hippo, wada wabúbá.

Akwaba abazali base South Africa bangatata umzekelo kubazali baka-St. Augustine, nakubazali baka-Púmzo. Abazali abanotando iminqweno yabo yeyokunga abantwana babo bangapumelela kwizinto abayakwakéka ngazo. Myale umntwana kwinto embi ayenzayo. Umtandazele, ukuze umntwana wako atwale iziqamo eziyakutyiwa kwanguwe Mzali, nabo bonke abantu.

Abantwana mabapúlapúle iziyalo zabazali babo maboyike ukwenza into embi, intobeko iyampákamisa adunyiswe ngabantu bonke, iratshi liyamtoba abe yinto edelekileyo ebantwini.

Elokugqiba abantu mabayixabise i-Titshala efundisa abantwana babo ukuze abantwana babo bayixabise i-titshala yabo, ukuze babe nesimilo esifanelekileyo. Kwangokunjalo u-Titshala makenze kwangokunjalo, ukuyibonisa intobeko ebantwini bonke, nabantwana batabate umfuziselo omhle ku-Titshala wabo.

J. D. ANTONI,  
*Provincial O.E*

Grahamstown,  
June 10th, 1932.

## INTSHAYELELO.

ZINKOSI NANI NONKE MANENE!

Nantso incwadana endizama ngayo ukunikónza; koti ukuba niyavuma nam ndiye ndiqúbela pámbili ekunikónzeni. Namhlanje ndityatyanjelwa zezi-njongo zimbini :

- (1) Ukuqondisa ukuba ititshala le, iyinkókéli ye-Sizwe; kanti wonke umntu ofundisiweyo uyinkókéli.
- (2) Isidima noncedo lomtándazo wama-Kosikazi. Lomsontwana ungati usaqúma ngakwicala lobu-Kristu kungenxa yawo. Kungati ku sêko amadodana ayimeleyo nje inyaniso ebuzweni kukwa ngenxa yawo; nguwo lo uyityuwa ekuboleni komhlaba ngezimini.

Umbulelo wam ngokunzulu ndiwubékisa ku Mnu. S. E. R. Mqáyi (I-Mbóngi ye-Sizwe) otáté inxamleko enkúlu ekulikútazeni elilinga; ngapandle koncedo lwake, ngeyingabanga nakupúmelela lencwadana. Kuye nditi "Nangomso."

Ndingowenu!

Enkonzweni ye-Sizwe;

D. SLAMS PETANA.

E.C.O.E. School,  
Bontrug,  
Kirkwood,  
C.P.,  
June, 1932.

## ISALATISO.

---

	<i>Iqepa.</i>
I. Amalungiselelo E-Káya ngo-Púmzo	11
II. Isimo Sabazali Baké ... ..	13
III. U-Vumile U-Titshala .. ..	16
IV. U-Púmzo E-Sikuleni ... ..	19
V. Isimo Sabazali Bake Kwakona ...	21
VI. Ubálela E-Mjeto ... ..	23
VII. Impendulo ka-Ninalume ... ..	25
VIII. E-Mjeto ... ..	27
IX. Ezase Káya ngo-Púmzo ... ..	29
X. U-Púmzo E-Sinaleni ... ..	32
XI. Ikwéle Lase-Ndlwini ... ..	34
XII. Isiqámo So-Mtándazo wama-Nina ...	36
XIII. Ibóngo Lo-Mzi Lifeziwe ... ..	38
XIV. U-Púmzo Uya E-Mbódamo ... ..	42
XV. U-Titshala Ufikile ... ..	44
XVI. Use-Mbódamo Ngoku ... ..	46
XVII. I-Nkokeli Ili-Ténwa lika-Kristu ...	48
XVIII. Ilizwe Nento Zalo ... ..	51
XIX. "U-Tixo Ngowokuténjwa Ngum- Kristu" ... ..	55
XX. Utyelelo lo-Mfundisi E-Mbódamo ...	57
XXI. U-Púmzo Ubuyela Kowabo ... ..	67
XXII. Ubumnandi be-Káya E-Qagqiwa ...	69
XXIII. Elokupéta ... ..	73

## ISAHLUKO I.

# AMALUNGISELELO E-KAYA NGO-PÚMZO.

“Yise ka Nkatazo! kufuneka sitúmele u-Púmzo esikuleni kuleveki izayo—ayokufunda ukubála nokulesa incwadi!” wavakala esitsho u-Nofayile ku Miyeni wake ngenye imini.

“Kulungile Nofayile, nam ndikwa nalo mnqweno ngalomntwana!” wenjenjalo ukuyipéndula inkosikazi yake u-Mbéko.

Lentwana kwakutétwá ngayo, yayi sisitónjana esincinci esisa ntshulayo se-Afrika; ikwiminyaka elishumi ngobudala. Wabonakala u-Mam-Cira eyilungiselela lentwana, ngokuyiténgela zonke impahla ezifunekayo, kumntwana osaya kuqala ukufunda.

Yaba bubunxáshi-nxáshi kulomzi ka-Mbéko, kulungiselelwa lentwana incinci, ezakuqala namhlanje ukungena kwidabikazi elikúlu, lokulwa nengqondo yayo ngayo incwadi.

Lomsebenzi unzima kangaka, wawuzakuqalwa kulomzi ukwenziwa, kuba namaxa abakúluwa baka-Púmzo babefundile—imfundo yabo yayingabékanga paya, yayi-yimfundwana nje yokuzicelela isonka. Ke amabóngo abazali ayebéke pambili ngo-Púmzo, kuba waye ngemntwana unampilo yomeleleyo, kwase kuveleni kwake; baza ke abazali bake babona ukuba, imfundo ete nyi yeyona iyakumlungela, ukuze abe nokupúmelela elizweni.

“O! Azi ukuba bangapína abazali abanenjongo ezinje, ngabantwana babo aba loluhlobo!”



“Nofayile! Nofayile!” “Yise ka-Nkatazo!”  
esabela u-Nofayile.

“Ndicinga ukuba lomsebenzi kufuneka siwube-  
ke pambi ko-Tixo!”

“Wupí M-Ntande?” ebuza u-Nofayile.

“Lo-mfazi wokufundisa u-Púmzo, ukuze u-  
Tixo alifeze ibóngo letu ngaye!”

“Unyanisile Dlómo” watsho u-Nofayile.

Ngobobusuku emva kwesidlo sangokuhlwa,  
kwenziwa umtandazo wokulala njenge siqélo, yaza  
indawo yebóngo lomzi yaba yeyona ibekwa pambi-  
li emtándazweni—icelelwa intsikelelo ku Solufefe.

Kwaya kulalwa kulomzi ngolusuku ingqondo  
zitsoliselwe kwiveki ezayo—iveki ayakuqala ngayo  
ukufunda u-Púmzo, kodwa ke unina umam-Cira  
usazimisele ukuya kuhlangu notitshala, afumane  
invume kuye, yokwamkelwa komntwana wake esi-  
kuleni; kuba babe njalo abakudala abazali, ebe nga-  
fumane asiwe umntwana esikuleni—engakange  
umzali tanci, ahlangu notitshala.

## ISAHLUKO II.

### ISIMO SABAZALI BAKE.

Idolopú yase Qagqiwa ingqongwe zilali ezine, yona itíwe zinzi pakati kwazo; eyona lali inkulu nebalulekileyo kunezinye, yile yase Mqoncini; umzi ka Mbéko into yase ma-Ntandeni, wawumi kuyo.

U-Mbéko lo, yindoda ebixabisekile kule lali ngoku ndiliseka, kwanokutánda kwayo abantu . . . lomfo ebe nesipó esinqabileyo, sokutánda yónke into engumntu, idemoni yobuzwe edla ngokukátáza isininzi setu—ibikude lé kuye.

Makukoleke ku-mlesi xa siti, ilali yonke yase Mqoncini, ibi mqiina lomfo wakwa-Dlómo kwesisi-pó sotándo—bekulapo kugciniswa kona abantwana belali ngo nina, ubungafika kuko nabantwana bama-Lawo, etándwa lomfo ngabazali nanga bantwana babo, benga zenzisi kulonto.

Beku yinto eqélekileyo xa avela emsebenzini umfo ka-Mbéko, ukucíta imali ezinkulu—ezicítela kupéla ukufunela abantwana belali izinto ezimnandi.

“Yinina! ukude wenze incitó engaka? Uyenze abantwana belali! siza kupíla njanina kodwa kuleveki yise ka Nkatazo?” wawakala esitsho ukumbuza u-Nofayile ngenye imini.

“Hayi Mam-Cita! kaloku ziti izi-Bálo ezi-Ngcwele, masingatí siya kupíla yintonina ngomso! ingomso lino-Mninilo, nati singa-Bake; ngapaya koko mfazi incitó endiyenzayo ngoku kwizinto ezi-

lungileyo, zisaya kupéndulwa ngokunga pezulu, okanye ngoku pindiweyo kuni nonke lusapo lwam, nokokuba andiseko mna elizweni, ndiyeke wena Nofayile, ndiqúbe ngoku kwam, kuba ezizinto ndize-nzayo, zokwenza ubulungisa kwabanye abantu, ziyi-nxalenye yo-Mtándazo wam ku-Tixo." Watsho ukupéndula u-Mbéko.

"Ndixolele Dlómo ngoku-kupázarnisa, ndikuvile! ndikuvile!" watsho u-Nofayile.

U-Nofayile lo, ibiyi-nkosikazi yalo mnumzana ungentla, yintombi epakati ka-Qóloba, u-Nozipó igama lakowabo—um-Cirakazi; ngumfazi obeyihlo-nele indoda yake—eyilonto kufuneka umfazi eyiyo.

U-Nozipó lo, ukúlele kulo-nina ema-Gqwashe-ni kwa-Ndemu, ngokusuke ati unina u-Noyombóse akubújelwa yindoda yake emzini wake e——M—— asuke alufúdusele kowabo e——N——lonke olasapó lwake, ngenxa yokuba lwalu ngekabi nakumnce-da usapó olo, kuba lwalu selula kakulu; mntu waye sele qabukile yayi ngu-Tándeke, intombi enkulu ka-Qóloba, eyalekelwa ngu-Nozipó lo; aba bantwana bebe bane inani labo, izintombi ezintatu—nenkwenkwana eyayi lusana oko.

Lwakúlela ke apa ema-Gqwasheni olusapó, lwade lwahlambuluka lwanga bantu; aqala avela ngoku ama-Cira oyisekazi balo ukuza kulupútuma; ati ke akuba eze ngokwesiko ekufuneka lupútunywe ngalo usapó olukúlele kulo nina: alukúpa ke ama-Gqwashe olasapó lwase-mzini lonke, ndawonye no-nina walo, kuba ebe ngasekeleze nto kakade, koko ebecinele ama-Cira.

Lomzi wakwa-Qóloba wawuse N——kwati ngenxa yobuhle—nokuzitóba—kwanokuzindíla ku-ka Nozipó, eso similo sake saba nomtsalane ku-

Mfundisi wase-Rabe omzi wawumelene nekâya lika Nozipó, waza naxa umzi lowo wakwa-Qóloba wawu ngamaqaba, wanyanzeleka ukuba ayokumboleka u-Nozipó ngenjongo zokubondlela, kuba umfundisi lo, waye ngekabi nabantwana.

Akuba ehlanganisene ama-Ciira—ati emveni kokudlana indlebe—avumelana ukuba makanikelwe u-Nozipó, ezandleni zo-Mfundisi lowo—kuxa aludladlazana lwentwanazana, esaqal' ukuntshul' ibele.

Make sinqumame apo okwa-namhla mlesi, masibe sibuyele kwaku mhlobo wetu u-Púmzo, esimshiye unina wake umam-Ciira, eku malungiselelo okuya kuhlanguana no-titshala, afumane imvume kuye, yokwamkelwa komntwana wake esikuleni.

Sipantse ukuhlala kakulu kukujikelezana nesi-mo sabazali bake, sobe sibuyele kubo kwesinye isahluko.

### ISAHLUKO III.

## U-VUMILE U-TITSHALA.

“Kélekence! Kélekence!” “Fikile! Fikile! masihambe mfondini, nantso intsimbi yesikula isitsho!”

“Kulungile ke masihambe;” watsho u-Fikile esuka.

“Kowu! kuyabanda namhlanje maan Fikile, u-Gabadela uyawazakwenza u-Tambo, andimazi ukuba una-ntonina ngalonto! uyakwala lomhla lilicongco yingqele, aqale lomfo akwáze inkwenkwe ngo Tambo, asondele kufutshane entombazaneni nge-Ngoma!”

“Hayi unyanisile kunjalo mfondini Ntondo, akazincedi kekóna u-Gabadela, uyazitánda ezonto zombini u-Tambo ne Ngoma!” watsho u-Fikile.

U-Gabadela lo ligama lesiqúlo lika titshala, alinikwe lusapó lwake alupéteyo, ngenxa yokukáuleza xa ahambayo—ebetándwa kakúlu lusapó lwake lwesikula, ngenxa yokululama, elutánda naye kakúlu.

Ibi ngengabo abantwana kupéla abe bemtánda, yonke impi yalo lali yase Mqoncini ebimele esosikula—ibimtánda.

Mhlaumbi u-mlesi walencwadana uyakumangaliseka akuva sisiti, ibimtánda yonke lolali yase Mqoncini—acinge ukuba umntaka Mtshuku wakwa-Radebe, wayehleli ngokonwaba engena zintshaba, apo kulo lali yase Mqoncini.

Make sikubuze lombuzo mlesi: "Yake ya-kóna ititshala eyonwabayo kwindawo ekuyo? Okanye iké ibe kóna inkokeli engake ifumane manzitinzi, nambúmbúlu zamazwi anabi kwindawo ekuyo?" "Akuncami na!"

Esisikula sase-Mqoncini sasiso yikwa kakulu ngabantwana babantu abazititshala, kuba xa sekutétwa inene, akukó titshala yake yahlala kuso—umfundisi-ntsapo, uhlala ikota enye, nezimbini; oke wahlala ezintatu—lowo uyanconywa.

Umfo ka Mtshuku u-Radebe yena, ebe selegqibe iminyaka emihlanu kuso, leninyaka mihlanu uyiqalele ebunzimeni obungatétékiyo, etyikilwa into ezimbi—lipátwa kuhlaziswa igama lake, kuba kaloku ititshala le, kwisizwe sakowetu esimnyama "yintsika yomkunyú" oko-kukúti ifana nentsika esendlwini, oti wonke okufutshane kuyo, amane esulela kuyo umkunyú.

Azimenzanga nto zonke ezozityólo u-Radeb' omhle, waya esomelela ngakumbi nangakumbi, ekusitándeni nase kusikónzeni isizwe sakowabo—batsho bagqibela ngokumtánda.

"Fikile mfondini alukó namhlanje u-Tambo, kuba nankuya u-Gabadela ehleli pambi kwe sikula; uncokola nomama lowa umam-Cira!" watsho u-Ntongo.

Ngelixa kwakuxa bakumazwi okugqibela utitshala nomam-Cira. "Uzumtúmele ke ma! ngomvulo u-Púmzo lowo ndiya kumlindela!" watsho utitshala.

"Enkosi mntwanam Radebe!

Taru Nkosi uwuvile

Umtándazo wam!"

Watsho esuka egoduka uma ! U-Nofayile ; efikile ekaya akabu libalanga ububele abenzelwe ngutitshala, ade wanesitémbiso amtémbisa ngaso ; xa abembikela ngobuhlwempu abakubo ngekáya lake, kwa nokutsala kwabo nzima, nokude bafumane amadlavana ka-Púmzo, okuza esikuleni.

Uvumile ke utitshala, waza ke wamtémbisa ukuba uyakusoloko engu-mhlobo wabo ngokubancedisa kwizambáto zale-ntwana.

## ISAHLUKO IV.

### U-PÚMZO E-SIKULENI.

Ufikile wona umhla wom-Vulo, uvuke kwakusasa u-Púmzo wahlamba, wacáza, intliziyo yake izele yimivuyo, kuba namhlanje ezakuqala ubomi obutsha, ubomi besikula; lati lakufika ixesha lesikula, wabonwa ehamba umfo omkulu ndawonye nabanye abantwana.besikula.

Wangena ngalontsasa umfo ka Mbéko, kwincwadi enkulu yabaqalayo u-"A"—labálwa igama lake, kwincwadi ze-sikula ekugcinwa kuzo amagama—nehambo yabantwana. Waqúba lomfo kwesikula, esitánda ngoku ngummangaliso, engafuni nokupóswa oku lixa lokungena kwaso; kwala kwituba lonyaka omnye, wabe selefakwe ku Sub. B. ngutitshala.

Uqúbe waqúba u-Púmzo kwesisikula, eman' ukufumana ingxelo ezintle kwakufika u-Mhloli, wade wakwi siqibi sesitátú; waba yenye yamakwé-nkwe apámbili ku-titshala, ngenxa yokuwutóbela umtétó waké. Bekusakuti ukuba kwenzekile ukuba angabi nakuya esikuleni ngesizatú esitíle, ixa lokubizwa kwa magama esikuleni ebelazi lakufika—womva selesiti, "absent" batsho ukupéndula ngoku kwelam igama, lonto yatsho kwanzima, ukufumane anqandwe angayi esikuleni u-Púmzo, ingesiso isizatú sokugula.

U-Titshala ebeno mtétó obukáli, wokuba wonke umntwana wesikula, makangaze apóswe nkonzo



ngosuku lwecawa; lomtétó ka titshala ubunzima kwesisikula—ebe samkela isohlwayo esoyikekayo umntwana opóswe . yi-nkonzo, ngesizathú esinga qondakaliyo.

Bebe sakutí bakukála abazali babantwana, ngenxa yale mitétó irabaxa yesisikula, kuba ibiko imitétó abe yiqingqile, kwisikula sake u-Radebe.

“Ndiyekeni zihlobo zam! nditúnyelwe ukuza kuqingqa isizwe sangomso—ikaniva lesizwe setu lixomekeke ku-Mlisela no-Mtinjana wama Afrika!”

“Ewe unyanisile titshala! akwaba bebe noku-yiva bonke abazali babantwana lomtétó!”

Zihambileke intsuku, wafika kwakóna u-Mhloli, akuba ebavavanyile! kwafumaniseka ukuba u-Púmzo, upúmelele pézulu kwi Siqibi Sesitátú; wanconywa kakúlu ngu-Mhloli-Zikula. Ngelitúba kwakuxa zisondelayo iholide ze-Kilisimesi, waza u-Púmzo wazimisela ukuya kuzicítela kulo-nina E-Mjeto, ezo holide zinkulu; kuba umzi wakulo-nina kwa-Qeloba wawuse Mjeto ngelotúba.

Waza ke wazimisela ukuké abálele unina-lume u-Témba, ngoku púmelela kwaké oku ncomekayo kwi Siqibi Sesitátú, nango tyelelo azakulwenza kubo ngehohide ezi ze-Kilisimesi; lencwadi kufuneka eyihále kwa-ngomso lo, kuba kuleveki izayo, ziyavalwa ázikula.

## ISAHLUKO V.

### ISIMO SABAZALI BAKE KWAKONA.

Simshiye u-Nozipó enikelwa ku-mfundisi, wakúlela apo kwa mfundisi wade wayi ntombi enkulu; wade no mfundisi wanabaké abantwana, bakúlela ku-Nozipó lo. Lade lafika ixesha lokuba ama-Cira, azokumpótuma umntwana wawo, esinosizi ukuti umfundisi akazange amfumanisele túbá laku mfundisa lomntwana, ekubonakala ukuba waye mgcine kakúlu ngemisebenzi yekaya, kodwa bona abaké, waye bahambisa esikuleni.

“Ibinga ingaba ngowo kuqala nowo kugqibela umfundisi ololuhlobo!”

Kodwa ke ekubeni enga-wafunyaniswanga amatúbá emfundo u-Nozipó kwa-mfundisi: u-Tixo wamvelela ngolunye uhlobo, wamfundisa eyona “Ncwadi Ye Ncwadi, i-Lizwi Lake” latyaleka kanye kuye—lane siseko kuwo wonke umzimba waké, lawu tyútyátyútyá umxélo nompéfumlo; wago-dúka ukusinga kowabo, epéte isibane se-Lizwi lika-Tixo—awafika ngalo walikányisela! walikányisela ikaya lake.

Kwesisitúbá umzi ka-Qóloba wawu sewucítakele, intombi zazi semizini yazo, sekusele u-Nozipó lo; u-Témba lowa waye lusana ekubúbéni kuka yise—mhla lwatátyatwa olusapó ngu nina walo, walusa kowabo; waye selengu-mninimzi ngoku—sele-nenkosikazi.

Intlantsi ye-Lizwi lika-Tixo, awayi fumana kudade wabo u-Nozipó, yanwenwezela kuye wade naye waba ngomnye omele i-“Ndaba Zo-Xolo” ngobushumayeli.

Ubomi bobuntwana bake yena, wabucítela kulo-Tixo wampátelwa ngudade wabo kwa-mfundisi ; ute akuqonda ukuba umzi wakowabo (o-yisekazi) upélile ngoku, nentombi zakowabo sezise mizini yazo ngapandle ko-Nozipó lo, wawufunqula umzi wakowabo, wawu-fúdu-sela e-Mlungwini E-Mjeto.

Wati akufika apo u-Témba nosapó lwaké, ndawonye nexegokazi unina nodade wabo u-Nozipó ; akazange alihlazise igama lika-Tixo. Wawutwála lomfo u-Mngamlezo, encedisana nosapó lwakowabo, pakati kwabantu abakude lé—ne-Lizwi lika-Tixo.

Wabonwa kwelo túba ke u-Nozipó ngu-Mbéko, owaye kwa ngummi kwalapó, koko ebekólisa e-Bhayi nase-Qagqiwa ngentsebenzo.

“Yintonina Mlesi, unga sasinqandi nje ?” okwa namhla kusanele ; makesibuyele kwaku mhlobo wetu u-Púmzo, esimshiye eku malungiselelo okubá-jela ku ninalume u-Témba okaya lise-Mjeto.

## ISAHLUKO VI.

### UBALELA E-MJETO.

---

Mhláumbi umhlobo wetu otánde kayo umlesi, angatánda ukuwuva u-Mjeto lo, ukuba yindawo epina kanene? le yidolopána ekwa kummandla we-Qagqiwa; ikwicala lase Ntla, pezu komlambo eku-tiwa yi-Nqweba. Wonke unntu ongummi apo, upile ngokulima. Ama-Satlani angaba nini balomhlaba, awuqesha lomhlaba ku-Rulumente nge njongo zokufweba ngolimo; lendawo yaziwa ngamagama amaninzi, kodwa ke sizaku namatéla kweli lingentla. Kuke konwatywa kakulu ngama-Xósa kulo mhlaba, oko ilizwe lali selilo; kuba nangoku use nokufumana paya-napaya, izisalela zento zakwa-Xósa, into leyo ebonisa mhlope ukuba, lalike laba lilizwe eli, kuba ninilo; umzi ka-Témba wawumi apo.

Wabonakala u-Púmzo etábatá ipépa ne-mvilopú, eřola usiba lwake olune inki pákatí, eyiqalisa incwadi yake ngoluhlobo:—

c/o Mqoncini School;  
P.O. E-Qagqiwa.  
5th December 1906.

Iya ku,

Mnumzana Témba Qóloba;  
c/o Qolweni Location;  
P.O. E-Mjeto.

## MALUME OTÁNDEKAYO,

Njengokuba izikula zivalwa kwezayo iveki, ndizimisele ukuza kuzicítela apo iholide zam zokupéla konyaka lo, ndonduluka apa lomhla savala; nceda tumela o-Táandiwe bandihlangabeze esitishi ngolosuku.

Mhlaumbi malume uyayiva inqubo yenkwenkwe yo-dade wenu, ide yanconywa kakulu ngu-Mhloli-zikula nonyaka nje, ekupumeleleni kwayo incwadi yesitátú.

Ndizakungena kweye Sine, ekuvulweni kwezikula; ndisazimisele ukuqubela pambili u-Tixo evuma, kodwa malume ngati ungecala lam Yena, kuba utitshala wam endimtádayo umfo wakwa Radebe, uncedisana nabazali bam, ngoku nditengela impahla zokunxiba.

Andazi ukuba ibi ngenzekanga lonceba, ngendipina mna namhlanje ngakwicala lemfundo? Kubuhlwempu obukulo ikáya lam!

Sipílile sonke apa ekáya; sibulisa jikelele nako-Táandiwe.

Impendulo ngokumsinyane—ngoncedo Malume.

Owako inene umtshana;

## PÚMZO MBÉKO.

Wati akuyigqiba ukuyibála lencwadi yake u-Púmzo, wayitátá waya kuyiposa e-Posini.

## ISAHLUKO VII.

### IMPENDULO KA-NINALUME.

“Yintoni leyo uyipèteyo Tāndiwe?” ebuza uyise.

“Yincwadi yako tata, ndiyinikelwa ngu-Tiko-loshe!” watsho ukupēndula u-Tāndiwe.

“Kawubone umlungu wam, akacingi kekōna ukuyishiya incwadi yam e-Posini!” watsho uyise eyitātā.

Eyivulile u-Tēmba, ute akuyifunda wafumana ukuba ivela ku-Pūmzo; “Unjalo maxa wambi u-Tixo, ubapēndula abake msinyane; udade wetu umlwele u-Tixo kwase butsheni bake kowetu, kwa nomyeni wake luyavakala udumo lwake e-Qagqiwa!” watsho eyidlulisela kumkake ukuba naye makazifundele.

Wabonakala u-Tēmba eřola incwadi yamapēpā okubāla empēndula u-Pūmzo ngoluhlobo :—

c/o Qolweni Location ;

P.O. E-Mjeto.

9th December 1906.

Iya ku,

Mnumzana Pūmzo Mbēko ;

c/o Mqoncini School ;

P.O. E-Qagqiwa.

MTSHANA OTÁNDEKAYO ;

Eyako yomhla we 5 kwemiyo, ndiyifumene :  
konke okutété kuyo ndikuvile.

Ndiya kubatúmela ke o-Tándiwe esitishi ngalomhla.

Sivuyisana kakúlu nenqubo yako esikuleni.

Siyabulisa sonke ; saye sisapíla.

Owako u-Nyokolume.

TÉMBA QÓLOBA.

Wafika ke u-Púmzo ngolosuku, sele lindelwe  
lusapó luka ninalume esitishi ; bamtwálisha impahla  
yake o-Tándiwe, baya kufika naye ekáya ; eluvu-  
yweni olungatétékiyo, kwatsho kwayinto emnandi  
E-Mjeto.

## ISAHLUKO VIII.

### E-MJETO.

---

Kwaba mnandi ku Púmzo kwelilizwe, kuba ebekade elinqwenela, uyise u-Mbéko ebedla ngokubalisa ngalo kuba ebeyinzala nenkulelwane yalapá; nto yaba sisitúkutezi ku-Púmzo, yaba kukunqaba kwa bantu base sikuleni, kupéla ngulomzi ka-Témba wodwa ongama-Kristu ngamaqaba odwa abemi belilizwe, "ukuba lusizi."

Waman' ukuziboniswa zonke indawo azinqwenelayo, njengokuba waye selezivile kade ngoyise; nezihlobo zake zambuka, kwano-dade-boyise ama-Ntandekazi akowabo. Ngenye imini u-Púmzo no Danile intwana ka-ninalume, baya kwalusela e-Msengeni inkomo; kwati kanti bazisa ezintongeni zamakwénkwe amaqaba, bafika kubomvu apo, amakwénkwe nentombi zawo; baté besati gqi enkaweni—avakala amakwélo amakwénkwe amaqaba, "Vityo! Vityo! umngeni kwedini ye-gqobóka, yiza ndizokukugqobóza ngenduku le yam!" yatsho ibakáulela lenkwenkwe yeqaba, idyusha zé—ipéte induku ezimbini.

Ukúlule ibátyi yake u-Púmzo wapétela, wafunza kuyo kuba ebe ngelilo igwala, "gwalakaqa" ahlangana, bawanyuse kwakanye amakwapá, otúke amanye amakwénkwe sele ngxabalaze pezu kwayo u-Púmzo, seliyinto ebomvu intloko le ligazi—ivakele seyisiti "Masiyeke ntanga undixakile."



Ku vele enye yeza kwaku-Púmzo, nayo akayipá-nga túba, kubonwe nayo seyikwa-yinto ebomvu, "Shu! bapéla abantu ngu-Púmzo." "Undixakile mfondini" yatsho nayo. Ade aba-mane amakwénkwe amaqaba, ekúlulisana ngaye; wawaxaka omane lamakwénkwe atsho azinto ezibomvu ligazi, ajika amoyika onke ngoku lomakwénkwe amaqaba. Yati yakuvakala lento ekáya, kwabonakala ukuba makagodúswe bupútúpútú ngu-ninalume; okunene wagodúswa ngemini elandelayo.

Obubugofa babonakaliswa ngu-Púmzo e-Mse-ngeni ngalemuni, bawenzela udúmo amagqobóka; alicingwa nanamhla oku ukukátazwa igqobóka ngamaqaba e-Mjeto. Ukuba kukó elifuna ukukátaza igqobóka, wova amanye selisebezela esiti:— "Lumkela esakwa Púmzo e-Msengeni."

## ISAHLUKO IX.

### EZASE KÁYA NGO-PÚMZO.

Zavulwa izikula wapindela kwakóna u-Púmzo, uzakuqala kwincwadi entsha ngoku isiqibi Sesine; kuté kwesisitúba u-Púmzo waza kubolekwa ngumfundisi wehlelo labo, enqwenela ukuba nomntwana oyinkwenkwe, kuba waye zele intombi zodwa yena.

Bamnikela abazali bake ku-mfundisi lowo, koko inkabi ayitándanga kuhlala kona—waman' ukuzimela wade no mfundisi wabona ukuba makamgoduse, hleze ade enzakale ngoluzimelo alwenzayo; waye selegqibe ngoku unyaka omnye kwa mfundisi apo.

Ekumziseni kwake kowabo, umfundisi wafika wenjenje ukutétá :

“Zihlobo zam; ubulapá bam namhlanje, ndibuyisa lomntwana, enité ngobubele benu, nandenzela inceba yokundiboleka. Ke kubonakala ukuba akonwabi paya kowetu, kuba asina makwénkwe sinawo; kuba ndimjongile nje mna, ngati utánda indawo elwayo. Kodwa ke ma-Ntande, ndinishiya neli; zeningaze nimkúpe esikuleni—zeningaze nakancinci! nakancinci—niyicinge lonto!”

Emva kokuba ewalulele u-Mbéko lamazwi kamfundisi, wabonakala etábata umnqwazi waké umfundisi egoduka; washiyeka ke u-Púmzo ekáyeni lake, wahamba njalo nase sikuleni; naxa ngelitúba, waye selenxámele ukutshiniza ngakwicala lesikula;

noko asisokuba sangena kwezo nkatazo zake, zoku-baleka isikula; sobe sikucazele ngenye imini mlesi obekekileyo.

Pákati kwezomeko, uqúbile noko esikuleni, wade wasipúmelela isiqibi sesitandatu; ngenxa yemigudu ka nina u-Nofayile.

Páya ekáyeni lake ibi ngumntwana oxakileyo, ebeyitánda ityalike yake engazenzisi kulonto; imfundiso zomfo ka-Mtshuku, zazi namatèle kuye; yaza nemidlalo yake yase káya yaxaka—yayi midlalo yentombi, ono-Popi bemiti; adlalise ngabo ityalike. Ebe sakuti enze ikwaya yabanxibi betyalike, (ngokwe tyalike yase Tshetshi) ikwayala yamadoda, ayinxibe ingutyana ezimnyama nezimhlopé, (Cassock & Surplice) kuze kubekó ohleli páya pèzulu ngasesi-Bingelelweni u-Nopopi, lowo enxitywe imfakamfele nento ezijingayo ngoko-Mbingeleli. "Isimanga somdlalo."

Yena ngokwaké ebe netyólwana, abedla ngokuzenzela umtándazo kulo, yonke imihla kusasa nangokuhlwa; ebe nomnqamlezo azenzeleyo, abe wupáta xa aya kuzitándazela. Elityólwana belise mvakwendlu yakowabo, unokuqonda ke nawe mlesi, xa belise mvakwendlu elityólo, bekulula ukumamela xa atándazayo; njengokuba kwabanjalo kanye kwisininzi sabantu.

Ebe wuhambisa awenjenje umtándazo waké:—

"O-Tixo wam! ndicela lento kuwe Bawo wam, nokokuba andibékanga páya ngemfundo yam, kodwa mandibe nentwana nokuba incinci—endiyakuyenzela isizwe sam; undixolele nezono zam Bawo, ngo-Yesu Kristu I-Nkosi yetu. Amen."

“Myekeni ninga-mpázamisi, u-Tixo usaya ku-sebenza ngalomntwana nokuba kuninina!” watsho umfundisi ngobunye ubusuku, emvela u-Púmzo xa atándazayo.

Akuba esiwelile isiqibi sesitandatu, kwafuneka ukuba makatúnyelwe e-Sinaleni.

## ISAHLUKO X.

### U-PÚMZO E-SINALENI.

Wokúmbula umhlobo wetu u-mlesi, ukuba imfundo ka-Púmzo ukuza kuti ga kulendawo, abazali baké babe ncediswa ngu-Mtshuku, kuzo zonke indleko zokumfundisa. Kwati kanye ngelishesha lokugqiba kwake u-Sikisi, utitshala waké u-Mtshuku wafoxiswa ekufundiseni ngu-Rulumente ngenxa yobudála; kwaza kwabonakala ukuba makagoduke, aye kwela kowabo e-Nqúshwa apo wayevela kóna.

Usizi olwaba kweso sikula asinakulubalisa, kuba nanamhla oku, indawo yaké ayikabi nakuvalwa, kusalilwa ngo titshala u-Mtshuku yiyo yonke impi yase Qagqiwa; isimanga apo sikóna, ulilelwa nangabo babe zintshaba zake, ngalo lonke elotúba waye lapó.

“Ewe mlesi kunjalo kanye, umsebenzi we-Nkokeli awuqondakaliswa ebantwini bayo, logama ise pákati kwabo; kodwa uyacaciswa yakushenxiswa kubo, le yimfihlakalo enkulu eyenziwe ngu Mnini-Nto-Zonke ngabom.”

I-Nkosi yetu u-Yesu Kristu;  
Oyi-Nkokeli ye-Nkokeli;  
I-Mbángi yobomi betu;  
Wati eze kwabake ngobu-Nkokeli;  
Baza abaké abamamkela.

Kodwa emveni koku lishiya kwake elipákade; baqala baya buqondakala ubukúlu bomsebenzi, awayeze kuwenza kulo—neyona nto ayiyo kulo ihlabatí. Aqala ngoku ukuzohlwaya ama-Juda, ngokumpáta kwawo kakubi u-Msindisi wehlabatí. Zonke ke i-Nkokeli zetu ezimnyama, zincwina pantsi kwalodyokwe yatwálwa yi-Nkosi yetu kulo ihlabatí; idyokwe yo-mnqamlezo wokugxekwa, wokudélwa, wokunyéliswa, wokutiywa, woku ngenzelwa nceba apo ifunekayo.

“O! hayi ihlabatí elingena nceba, neliswele umbulelo kubantwana balo abazi-titshala nabafundisi, abahamba bepáteka kakubi, bezenza intlekisa—kulo ihlabatí, besifa nazingqele kude namakáya abo; ngenxa ka-Tixo—nesizwe sabo.”

Weinika ke umfo ka-Mtshuku u-Radeb' omhle, elilelwa ngabo bonke abantu base Qagqiwa; indima awaye yinikwe ukuba ayixabangele—wayeyifezile ngoku; kodwa ke ekunkeni kwake, wayaleza kubazali baka-Púmzo ukuba, mabazame ukumtúmela u-Púmzo e-Mtwáku nokokuba sekunzima kangakanina—kuba unento ayibonayo esaya kuqandusela kule-nkwenkwe; lonto ngeloxesha, isaya kusinceda isizwe sakowayo esimnyama.

Kwati ke pákati kwalomizamo inzima, ingatékikiyo yayisenziwa ngabazali bake; wade wapúmelela ekuyeni e-Mtwáku u-Púmzo.

Wakwéla ke nabanye abantwana ekuvulweni kwezikula, eluvuyweni olungatékikiyo; olwaziwa ngabo bonke abake baya e-Sinaleni.

## ISAHLUKO XI.

### IKWÉLE LASE NDLWINI.

Uqúbile u-Púmzo e-Sinaleni, wakáuleza ezifundweni zake umfana wase ma-Ntandeni; kute eku-péleni konyaka akuhlalela uviwo, kwi-mviwo zonyaka wokuqala ebutitshaleni, (P.T.I.J.) wapúma pámbili, engowokuqala kudídi olupézulu—kwi-Koloni ipéla; wancónywa u-Mtwáku kakúlu ngemfundiso yawo ngenxa ka-Púmzo, libúnga le-mfundo lase-Kapa.

Wawunconywa nje u-Mtwáku ngezomini—wawu ngatyólwa, wawu yinto evutáyo; ibicaca lonto ngemviwo zokufa konyaka. Into yesibini obubalasele ngayo, kukukwazi ukunyamezela kwabantwana abaqeqeshwe kóna; bebekwazi ukuyinyamezela nokuba seyirabaxa kanjanina indawo: U-Mtshuku lowa wade wazuziswa ipensile (Pension) ngu-Rulumente e-Qagqiwa, wayepúma kwalapó; o-Támsanqa webali lase Mtúqwasi, babepúma kwalapó; makwanele ku mlesi xa siti, ike ya ngumzi lo.

Kwelitúba lokupúma kwezi ngxelo, u-Púmzo waye sezi holideni zake kowabo e-Qagqiwa; lwati udaba lwe-ngxelo zoviwo zakuvakala, zadala isaqungé pákati kosapó lwakowabo; lwati endaweni yokuvuyisana nomzalwana walo u-Púmzo, lasuke langenwa ngumoya ombi we-“Ndemoni yobukwéle.” Yati endaweni yokuba ibe liqáyiya labo, lento yenzekileyo ekáyeni labo; yasuke yaba kukufa kubo.

Wemka u-Nkatazo inkulu yase kaya apa, u-mafungwashe wentombi zasema-Ntandeni kwa-Mbéko, waya kuzivulela ishishini lezihlangu e-Kapa.

U-Solani waya kuzimela umzi waké e-Ráutini, u-Wezani wazakéla owaké kwalapa e-Mqoncini; u-Nozibonela waya kuzibonela e-Bhayi. Yaba lihlazo elingatétékiyo eli lenziwa lolusapó, pofu woqonda no-mlesi ukuba naxa olusapó belukó nje kwelikáya, lomoya wobukwéle wona kwakuse kuku-dala unambuza pákati kwalo, koko ubungeka qanduseli ngoluhlobo, kuba nanku kutsaleke nzima kangaka kwase-káya kulo-mfana, ade wancediswa nakulo mfundo yake ukuya kuti ga ku-Sikisi, ngutitshala wake u-Mnumzana Mtshuku.

“Inene aba bantwana benze ihlazo—elihlazo likwézelelwe nayi lali yase-Mqoncini—kawubone umona womhlaba!” Kuba kute kanti ilali le, ayivutwa sesisenzo sika-Mbéko sokutúmela lomfana e-Sinaleni; kuba xa sekutétwa inene, u-Púmzo lo, waye ngumntwana wokuqala walapa e-Qagqiwa ukutúnyelwa e-Sinaleni; kunjalonje obu bupítipítí buhla elixa kungekó necebo eli, lokuba makapíndiselwe kwakóna e-Sinaleni u-Púmzo, waye selepélelwe nazizinto zokunxiba, kuzakutiwa nina ngoku?

“Icebo linye ngoku endinalo, ndiza kutétá no-Tixo nge-telefone yo-mtándazo wama-Nina!” watsho u-Nofayile ku-myeni waké ngenye imini.



ISAHLUKO XII.

ISIQÁMO SOMTÁNDAZO WAMA-  
NINA.

---

ICULO LAMA-NINA.

1. Yesu sivelele,  
Káka Nqaba yetu ;  
Siza Nkosi kuwe  
Nezipóso zetu.
2. Sicela utándo  
Imihla ngemihla ;  
U-Ndoqo yenkolo  
Agec' izisihla.
3. Ezindlwini zetu,  
Emisebenzini,  
Kutyáfiwe ngoku ;  
Vela, nceda, Mlveli.

Makuqondakale ku-mlesi wale-ncwadana, xa siti le-nkosikazi, yayile lona tэмba lipámbili, emtá-ndazweni wama-Nina, emvaba ngemvaba ase-Qagqiwa ; kuba yena, ebelazi icala engenwa ngakulo i-Nkosi, xa ibongozwayo—ebengafumane awuké nje emoyeni umtándažo waké—afumane ashwaqe infu-kumfuku eyibékisa e-Nkosini lonto—hayi yena, ebeyazi into ayicelayo ; kanjalo ayilindéle impendulo ka-Tixo.

Njengokuba sesivile kwizahluko zokuqala zale ncwadana, ukuba u-Nozipó lo,—ogama seyingu Nofayile ngoku “wavelelwa ngu-Tixo kwa-mfundisi, wafundiswa Nguye eyona Ncwadi ye Ncwadi—i-Lizwi Laké, ekutiwa latyaleka ku-Nofayile lo, lanesiseko” lonto ibiqondakala mpela akutétá ngo Tixo; kwabonwa lonto nanga ma-Nina ase-Qagqiwa, yiyo lonto ebembeke pámabili kwinto zonke zawo.

Kuté sakuhla esi sidúbedúbe sokucítakala kosapó, kwa nokungapúmeleli kwabo ekumpíndiseleleni kwase-Mtwáku u-Púmzo; wazitwála u-Nofayile ezongxakeko zake zonke, waya kuzipósa egumbini lomtándazo wama-Nina; zaqala kaloku ngoku imazi zakowetu ezimnyama, zamcengacenga u-Solufefe; zancedisana no-Nofayile.

Kudlule isitúba esi ngange nyanga, zimfukamile u-Púmzo imazi zakowetu zo-mtándazo wolwesi-Ne; kwala ngenye imini, u-Púmzo esahleli kowabo—edlana nomvandedwa, wokupóswa litúba le-mfundo selelifumene, kuba ngoku yayi selitúba elingange nyanga sezivuliwe izikula ezikúlu; wabona u-Púmzo kufika incwadi evela e-Mtwáku, kupéndulwa uyise kwincwadi ebe sandukuyibála; kuyo elandulela u-Púmzo ekupíndeleni e-Sinaleni, ngenxa yentswelo abakuzo; akuba eyivulile uyise loncwadi, wafumana ukuba ivela e-Mtwáku, ku-Mpáti-Sinala yayi senjenje:—

“Mtúmeleni u-Púmzo lowo, siya kunimela ngazo zonke indleko zokumfundisa.”

Ngelolixa lodwa, londlu yazaliswa luvuyo esi-ngena kulubalisa; baya kulala ngobobusuku, bewanqina amandla omtándazo wama-Nina olwesi-Ne.

## ISAHLUKO XIII.

### IBONGO LO-MZI LIFEZIWE.

“Ndiyakugcoba ndivuye ngenceba yako ;  
Ngokuba uzibonile intsizi zam ;  
Wabazi ubunzima bompéfumlo wam.”

(Ndumiso xxxi : 8)

Kuse elungiselela ukunduluka u-Púmzo, kuba kulencwadi ivela ku-Mpáti-Sinala, kwakuse kufakwe imali ye-tikiti neye ndleko zendlela ; yokusinga e-Mtwáku. Okuncene wanduluka ngobubusuku, epétwe lixála lendlela, azakuyihamba yedwa akuhla e-Debe ; ecinga nange zipoko zase-Gculuŕa, ekutiwa umhambi onjengalo, zimbuza ihabile yazo. (“Ipina ihabile yam ?”)

“Luzakúfinina kodwa olusana luka Mbéko !”

Baza nabantu ababekwa kulondlela, besingisa e-Dikeni nase-Xesi ; bazi kwézelela ezozoyikiso zenkolo zingekóyo. Koko nje ngomntwana wama-Kristu, ekwa nguye naye, waziqinisa ngamazwi o-Mculi ati :—“I-Nkosi ngumalusi wam : andiyikuswela lutó” waziva eqinile.

Yahamba naye inqwelo yomlungu, yaya kumpósa e-Debe, ukumka komhla ; koko ngetámsanqa angalazanga naye, wafika sele lindelwe ; yikari yama-hashe amabini, yase-Mtwáku. Wavuya kakúlu u-Púmzo, akuva ebuzwa, ngumqúbi walo-kari ; owaye ngumntu omnyama. Kwangoko wakáuleza ukumhlangabeza : wakwéliswa kulo-kari,

ndawonye ne-bókisana yegongqo, yokufaka impahla zake; koko kwaku ngekónto pákatí, ngapandle kwencwadi zake zetyalike.

Iaya kufika, kwase busuku njalo e-Sinaleni; yotúka kakúlu yonke impi ye-Sinala, yakumbona ngentsasa elandelayo u-Púmzo. Wanconywa kakúlu nguye wonke um-Sinala, omnyama no-mhlopé; ngodúmo alwenzele yona i-Sinala yase-Mtwáku; ngokupúmelela kwake pézulu ezi mviweni. Waqala naye ngoku, wayivuyela impumelelo yake; ebona nokupákanyiswa kwake, ngabase mzini. Na, ate kowabo, endlwini ka yise; wajika walizoté, ngenxa yale mpumelelo yake: wafana no-Yosefu, yena wacásekayo kubakúluwa bake ngenxa yamapúpá ake.

Waqala lomini, ukuwa nqina amazwi o-Msindisi wetu ati "Inene nditi kuni, akuko Mprofeti wamkelekileyo kowabo!"—(Luke iv: 24).

Wotúka kakúlu, akubona esitiwa gidli, nge suti ezimbini zokunxiba; eye Seji-emnyama káca, neka Tékwana-emdaka, kwane ngubo zokulala, nezihlangu, ne-bókisi entle kunene yokufaka impahla zake; ezinikwa zonke ezimpahla, ngu-Mpáti-Sinala. Waza u-Mpáti-Sinala wamyalela u-Púmzo, ukuba angabe apinde, abálele ekáyeni lake—maka-békise kuye.

Nalapa e-Sinaleni, unyuselwe kwi-wonga, lokupáta amanye amakwénkwe; (Captain) yayi ntsomi yonke lento kuye, yafana nokungati uyapúpá, tyinile!

Uqúbile ke u-Púmzo apo e-Sinaleni, wazimisela ukunga-goduki nange holidé ezinkulu; ade abe ugqibile apa e-Sinaleni. Kwabanjalo ke, wakáuleza wona unyaka, baluhlalela kwakóna uviwo lokupéla konyaka; labe labonakala pézulu kwakóna igama

lake, njengokuba laba njalo kuviwo lo pélileyo unyaka.

Wadúma kwakóna u-Mtwáku, ngenxa ka Púmzo, kute ngoku kwakuba nje, u-Púmzo wanyselwa kwi-wonga lobu-Hlekazi base Sinaleni. (Prefect).

Isimo sika-Púmzo besiloluhlobo, ebe ngumntwana ozitóbileyo, notánda ukutóbela umtétó wabapáti bake; pézu koko ebemhlonene wonke umntu, ongapézu kwake: engakátali, nokuba ukulupína udídi. Eso simo, waye púma naso kwase ndlwini kowabo; nakule ndúmasi yeligama lake, elali nconywa kwi mbómbó zone zomzantsi-Afrika: akabanga ngumntu ozi pákamisayo ngalonto; waba kokukóna azibeka pantsi. Yaba ngunyaka omnandi lowo e-Mtwáku, amakwénkwe e-Sinala, epántsi kwesandla esine nceba sika-Púmzo; ongu-Mhlelazi. Wakáuleza wona unyaka, wafika yena u-December; bakuba beluhlalele uviwo, wahle waqonda naye ukuba, ibóngo le-káya lake, namhlanje lifezekile.

Ute xa alungiselela ukundúluka nabanye, wa-nqandwa ngumpáti-Sinala—emnqandela ukuba ahlale, zide zidlule inkonzo ezinkulu; zokuzalwa ko-Sana lwase-Betilehem: kuba waye ngomnye waba-ququzeleli abapámbili, besi Bingelo; (Server) enye into, umfundisi waye péte nenjongo zokumfumanisa isikula apa. Koko u-Púmzo, wayi-mangala leyo indawo, kodwa ke wavuma, ukuhlalela ezo nkonzo ze-Kilisimesi.

Kulo nyaka zakáuleza ngoku ngummangaliso ingxelo zoviwo, kute zisa ndul' ukudlula iholide ze-Kilisimesi, eselapó-no-Púmzo; lwagaleleka ugxudululu lwengxelo zoviwo: labonakala pézulu igama lika-Púmzo; engowokuqala kwi-Koloni yonke ipéla.

Wavuya umfundisi wade waxúmaxúma, akubona kuqótyshelwe kulo ngxelo ka-Rulumente lama-zwi :—

“U-Mtwáku, ubalasele kwakóna kulo nyaka ; nantso nencwadi esisipó, esiyitúmela ku-mfundi wenu u-Púmzo : kuba uboyise bonke abanye abafundi, kwi-Koloni ye-Pondo lase-Kapa ipéla !”

Watiwa gidli nange ponti ezintlanu, yi-Sinala yase-Mtwáku ; pézu kwale ncwadi ayitúnyelwe ngu-Rulumente—le mali ingaka, uyinikwa ngumzi wase-Mtwáku ; njenge sipó nombuliso kumntwana wawo. Kwasa endúluka u-Púmzo, ukusinga eká-yeni lake ; elungiselelwe kakuhle nje ngalamhla weza apa. Wafika e-Debe kwase mini, wabamba uloliwe wokujika kwe-langa, waya kufika ekáya, eluvuyweni olungatétékiyo : selelindelwe esitishi, yiyo yonke impi yase-Qagqiwa ; kwangati kufika i-Tshawe. Ngobobusuku, uyise umtándazo wango-kuhlwa, wekáya ; wawuseka pézu kwala mazwi o-Mculi ati :—

“Ndiyakugcoba ndivuye ngenceba yako ; ngokuba uzibonile intsizi zam, wabazi ubunzima bom-péfumlo wam !” Kwalalwa ngobobusuku, kuyinto emnandi apo kwa Mbéko ; kubukwa utitshala u-Púmzo.

## ISAHLUKO XIV.

### U-PÚMZO UYA E-MBÓDAMO.

Kute ngenye imini, u-Púmzo esalindéle impendulo zencwadi zake, abe zibálele kwindawo nge-dawo; efuna isikula. Wabona kufika incwadi yo-Mongameli wetyalike yabo: imcela ukuba ayokuvusa isikula esiwileyo, e-Mbódamo. Wotúka kakúlu u-Púmzo, akuyifumana lencwadi ka-Mongameli lo; kuba ebe ngakange ambálele nokumbálela oku, kwaye nokuba ebembálele; ebe nganqweneli kuya kuvusa into eseyiwe kade ye-Sikula. Wayibonisa unina loncwadi, waza unina wati kuye, akumbona ukuba unyana wake use matándabuzweni:—

“Mntwana wam, yiya apo e-Mbódamo, mus’ ukutándabuza; ngumnwe ka-Tixo lowo ukwalatayo, musa ukoyika! sikó tina ma-Nina entambó yo-lwesi-Ne, siya kukutándazela; Nto yam.”

Walungiselela ukuya apo e-Mbódamo u-Púmzo, uyise naye wamnyala wenjenje:—

“Nyana wam! into okade uyicela ku-Tixo namhla ivelile, kuba nanku namhla kufika incwadi yo-Mtánjiswa ka-Tixo isiti—hamb’ uyokuvusa unzi ocítákeleyo; wase-Mbódamo. Mauqonde lento mntwana wam, lendawo yase-Mbódamo inzima; qonda kwa ngokucítákala, kwento elixabiso ebantwini—sikula. Uzume kakuhle ke nkwenkwam, uwulumkele u-Mbódamo, ungeyeli kwa kulo-Mbódamo nawe! uzukúmbule kananjalo Púmzo, ukuba utún-yelwa e-Nkabini namhla—ilizwe—ezakukufundisa

izinto ongazange uzifundiswe e-Mtwáku. Uz' ungamlahli u-Tixo wakowenu!"

4. Lwel' inzala yetu,  
Intombi nonyana ;  
Bamlwe u-Satana,  
Nenyama nomhlaba.
5. Sipé o-Samweli,  
Sipé o-Debora ;  
Baqúbe le-Nqwelo  
Ye-Vangeli Yako.
6. 'De intlanga zonke  
Ze-Afrika zití—  
"Ma'bongwe u-Yesu  
Osenyangwaneni." Amen.

Kwasa enduluka u-Púmzo, ukusinga e-Mbóda-  
mo emveni kokuziyaleza naye ngokwake kuma-Nina  
omtándazo.



## ISAHLUKO XV.

### U-TITSHALA UFIKILE.

Lendawo yase Mbódamo yayi yenye yendawo ezinzima ezititshaleni, zide zambini ititshala eziwe kwesi sikula, zoyiswa kwapéla lilizwe; zancama. Umntwana womntu apa uxátisa—axátise engena mncedi, ade asuke apélelwe ngamandla; njengokuba kwabanjalo kwezi titshala. Uyabuza mlesi uti:—“Akakó-na ama-Kristu lento kunje apa?” Ndiya-kólwa wakwenjenjalo ukubuza, ubuza kakuhle, “ewe akó, kodwa ngaxakileyo; kuba ababantu baté besandul’ ukuguquka—bengekamili nakakuhle elizwini, suke base benikwa indawo ezipámbili zobushumayeli nobu-gosa etyalikeni.”

Esi senzo senziwa ngabafundisi kwaba bantu, sité kanti siba nxwélefile. Kulendawo ubu-Kristu benene bebulambátá; ungekó nomtándazo wama-Nina, eyona nto inceda o-titshala nabafundisi. Ama-Kristu alendawo, ibingaba-sili bendywala: inkonzo ingakátálelwe bani, kuziwa kupéla kweyase mini nge-Cawa.

Aba bantu bebe ngena mfundo banayo konkena, umsebenzi we-nkonzo wonke ngapáindle koku shumayela nokuxela izaziso, ubuxónywe pézu kwa bantwana aba bafundayo, naku-titshala xa akóyo enkonzweni. Kodwa ke abaqúbi nkonzo abo, mabayiqonde yona into yokuba aba naluláulo apo enkonzweni. Uláulo lolwegosa nabashumayeli balo, kodwa eyona ntloko lilo. Nto yesibini, umshuma-

yeli maka ngantyuntyi; kuba izinto zishiywe sezi-bila emakáya; ziyakonakala ke.

Indlu yetyalike le ingenela isikula, yayité qabavu yodwa pantsi kweliwa; kungekó namnye umzi okufutshane nayo. Ndlu yayikufupi netyalike leyo, yayi kwisitúba semayile ezine, iyindlu ye-gosa. “Kawuzicingele nawe mlesi ukuba makube yayi njanina londlu ka-Tixo, xa yayimi yodwa kulo-ntlango; ingena mlondoloz!”

“O! Hayi abantu bakowetu abamnyama, abaféketá ngeyona nto ibubomi babo ityalike; kawucinge!”

Ewe mlesi kubanjalo kanye kwi-ndawo apo ungekóyo umtándazo wama-Nina, I-Nqwelo ye-Vangeli ka-Tixo, ihamba nzima: I-Nkonzo zika-Tixo, ziba luhlazo. O-Titshala naba-Fundisi ababi namandla, ziyapélelwa zityafe izicaka ze-Nkosi; njengo kuba kwakunjalo e-Mbódamo.

“Akwaba ama-Nina omtándazo wolwesi-Ne, ebe nokusoloko eziqwalasele indawo ezinje ngale—angazilibali emtándazweni wawo.”

Sasinjalo isimo sendawo awaye siya kuyo u-Púmzo. Waya kufika ke ngentsasa elandelayo, selelindelwe esitishi ngabantwana besikula aya kuso. Wotúka kakulu, bakumazisa ukuba uzakuhamba isitúba semayile ezili 18 ngenyawo. Wahamba ke utitshala u-Púmzo nabo bantwana, baya kufika noko kwase mini e-Mbódamo; kwa ngelotuba, sonke esosixeko sazaliswa ludaba lokuba u-Titshala ufikile.

## ISAHLUKO XVI.

### USE MBÓDAMO NGOKU.

Kuse esivula isikula sake u-Púmzo ngabantwana abalishumi, kodwa ite ipéla lonyanga, babe sebe ngamashumi amabini anesihlanu; wanyamezela lomvambo wendlela, yokusuka ekáyeni lake kwagosa. esiya esikuleni imihla ngemihla; saye isisitúba semayile ezine. Ebe ngumntu okólisa ukuvuka ekuseni, ukwenzela ukuba angaliki emva kwexesha esikuleni; lento yayi lula kuye, kuba ebeyiqéle e-Mtwáku.

Kwati kusasa ngenye imini, wafika abantwana bewaqáqile onke amapépá aqáganyushelwe ngapákati eludóngeni lwe-sikula (amapépá enqubo), i-Kalenda yesikula ne-Time Table; lonto yenziwa ngamantombazana amakúlu, afunda kwi-Siqibi Sesitátú u-Dideka no Tándiwe. Lonto yamkátaza kakulu u-titshala; kuba esisikula sake sasisodwa entlango; kude lé nezinye izikula. Sikula sasikufupi kwesi, sasi kwisitúba semayile ezili 12; lonto benqabelene ummangaliso nalo titshala yesosikula. “Kuza kutiwanina kodwa ngoku? Uza kuyifumana pína kodwa enye i-Kalenda u-titshala!” Wati akubabuzá unobangela wesisenzo basenzileyo ababantwana, suke batí ukupéndula kwabo u-titshala.

“Siyiqélile tina lento ku-titshala omkileyo xa sihlamba ifestile ze-sikula esi, siye sisebenzise lamapépá axóniyweyo apa eludóngeni; ke titshala besizihlambá nayizolo mna no-Tándiwe lo,” watshe

u-Dideka. Wayipika lonto utitshala esiti:—“Akukó titshala iyakuze inivumele kulonto.” Watsho wabohlwaya kalukúni abobantwana—emangalisiwe naleli cebo lokuti kwisipóso sabo aba bantwana, basuke bazikúsele ngo titshala wabo omkileyo.

“Uyayotúka lonto titshala? Ewe kunjalo apa elizweni mfana wakwa Dlómo!” lonto seyiqélekile ezikuleni. Bati abantwana bakufikelwa yititshala entsha, iti yakuzama ukubaluleka ezipósweni zabo, bakále ngeliti; “asiyiqelanga tina lento ku titshala wetu omkileyo, akazange yena asohlwaye ngezizinto.” Nabakúlu abantu bakwanjalo ezityalikeneni, ukukátaza abafundisi babo abafikayo kwakunye nama-gosa abo amatsha: “Musa ukuyikólelwa lonto, xelisa u-Púmzo lo yena wabapikisayo ababantwana babetyóla utitshala wabo omkileyo.”

Wati akugqiba ukubohlwaya waya kuhlala esitulweni saké utitshala, ute esahleli njalo, weva into enyuka ngomlenze wake u-Púmzo; kodwa waqonda ukuba inyuka ngapézu komlenze webúlrkwe, uve ngabantwana sebekála, “wafa utitshala wetu!” atsho amakwénkwe selesiza kuye, ute akupósa iliso, tyini! yinyoka; nase zinyokeni li-rambá; lingene nini apo endlwini! livela ngapi? Kuteni lingabonwanga nje ngabantwana ukungena kwalo apo endlwini? Yaba sisimanga sentsoni. Kuba kupéla kwento abeyi lumkele ngayo yonke imihla akufika apa esikuleni: ukuyilongalanga yonke indlu le, utitshala; ukukángela amaramncwa anje ngala.

Wawukábela pámbili umlenze lowo wawu nenyoka, yaza yakuba ijubele páya, ayiwela amakwénkwe amnyama ka-titshala, yafa kwa-oko.

## ISAHLUKO XVII.

### INKOKELI ILI-TÉNWA LIKA-KRISTU.

“Nqanda izinja ezo—Mpohlwana bangatyiswa abantu abo!” yabonakala ipuma inkwenkwe leyo izinqanda. Kanti ngamadoda amahlanu ekomiti yesikula, azokulwa notitshala ngenxa yokubetá abantwana baka Lizo kusasa esikuleni. Bate bakufika ekáyeni labo o-Dideka no-Tándiwe bafike bawa ngazo kuyise wabo u-Lizo, bamxelela ngokubetwa kwabo ngu titshala benge nzanga nto; wenzakele kwangoko u-Lizo akuluva oludaba, alupátelwa ngabantwana bake. Wati endaweni yokupéndla inyaniso kwabo bantwana bake; waselequmbá lomfo ukohlakele kunene; nanko selebopá ihashe lake u-Watwétwá igama lalo, esiya kumangala kumalungu e-Komiti ye-Sikula: Nawo até akuluva oludaba luza kuwo no-Lizo, akabi sanqwenela kupánda sizatú kwaba bantwana—aselekolelwa; ngawo ke la anqandelwa izinja kwa-gosa apa.

Ngelitúba kwakuxa kudliwa isidló sangokuhlwa; u-gosa ubuze imvelapi kulamadoda, até ukupéndula azokuva esisimanga sokubetwá kwabantwana baka-Lizo ngu-titshala, engakange kuqala eze kuwo wona Komiti! kutshiwo zinto ezinxilayo ngumsindo; ute engekapénduli no-gosa yavakala enye kula madoda seyisiti ku titshala; “Péndula mfana-ndini, abantwana aba ubabetela ni?”

Upákamile utitshala wasicáza ngokuzeleyo isizatú, waza walekela ngeliti:—“Isohlwayo endisenzileyo kubo, asiwulingene umonakalo abandenzele

wona, ngoku ngapézu koko, andinanto yokwenza nani Komiti ngesonakalo esi kubantwana bam besikula, ngapandle kwento eningaba nikwa nenxaxéba nani kuyo!" Ute akwenjenje ukupéndula utitshala, asuke lamadoda ajwaqeka ngumsindo; ivakele enye seyisití, "usile mfana-ndini ndiyakubona, utúnyelwe ngokwaziwa apa; ukutí ungasixabisi singo-yihlo; akuna kwenza nantonina paya esikuleni, ngapandle kwetu." Ité púhla enye indoda yati; "ude ubete abantwana ngenxa yamapépá, into engena msebenzi; onokuyitenga nange peni kwa-Mfene paya!"

Ibonakele enye indoda seyikúlula ibátyi, isiza pambi ko-titshala imnyola ngomnwe isití:—"Ndinga kubeta mna ngoku Nqali-ntloko ndini wase dolopini, uyandazi! mna ndiyaziwa kule lali yonke, ukuba ndiyimbéti yendúku; ngoku ngapaya ndisisityebi esine nqwelo nesipani sayo." Ibe sisipítipítí sengxolo kulomzi, eyade yabiza nabantu abakude; intsini eyahlekwa apo yimpi yelali; ayilityalwa! kubukelwa ukunyolwa kuka-titshala ngamalungu e-Komiti—ye-Sikula; koko yena, wati endaweni yokukátázeka ngulomnwe, wawumgquta-gquta ebusweni, wabonakalisa ukuzitoba okungum-mangaliso pantsi kwawo umfana wase ma-Ntandeni.

Nto yasuke yamti kátá, lusizi, ukuti abona bantu bazi-Nkokeli zokányo e-Mbódamo—nabona ate naye akufika apa, watémba bona; kanti baze zona mfama. Ute noyena mntu ebemjonge njengomkúseli wake—igosa—lasuke lamxaka nalo, kuba kute pákati kwesi-sipítipítí wapáula ukuba nalo seli ngase Komitini. "O! bafa ozandla zimhlope bako-wetu." Alwe alwa lamadoda, kodwa kute ngokuzi-

tóba kwalo-mfana oku ngummangaliso, abonakala lamadoda sele dambile ebushushwini bawo; kuba intobeko iyazoyisa izinto. Nango enduluka ukusina emakayeni awo ezinzulwini zobusuku.

Waya kulala ngobobusuku utitshala intliziyo yake ise buhlungwini, ecinga nanga lamazwi mabi kangaka asetyenziswe kuye ngala madoda ase-Mbódamo; ebona mhlope ukuba ebese nokuzipindezela nangalupina uhlobo kulamadoda. Uza kuwatini ke? Uza kuwayeka?

“Ewe wayeke Dlómo! kaloku uyi-Nkokeli ye-Sizwe ngoku, kufuneka uzi nyamezele izilingo ezinjalo; kuba wonke umntu ongum-Kristu uli-Ténwa lika-Kristu, oko kukuti, unqunyulwe izandla ekuzipindezeleleni ngokwake.”

## ISAHLUKO XVIII.

### ILIZWE NENTO ZALO.

“Yiva umtandazo wam, Nkosi, kubekela indlebe ukuzibika kwam: ungati tu, ezi-nyembezini zam.”—(NDUMISO XXXIX: 13)

Makuqondakale ku-mlesi wale newadana ukuba kusihla obu bupitipiti nje, lomfana selegqibe ishumi lenyanga apa, akakafunyaniswa nepeni ngu Rulumente kwesisikula. Njengokuba sasiwile u-Rulumente waye luhlutile uncedo lwake; kwelituba lonke u-Mongameli waye ngqungquzelisana naye, ecela kwa oloncedo waye luhlutile: kwa kungekabikó netemba ngelituba.

Wahlala lomfana kolosizi, esifa zindlala, epelwe nazizinto zokunxiba; kuba izambato zake awaye zisebenzisa e-Mtwaku, ngelixesha zazi sezizixela nazo ngoku ukuba zimshiyile. Wazingisa noko yena u-Mongameli ku-Rulumente ngesisicelo, wade wapumelela naso—Mayibuye!

Ute noko u-Pumzo pambi kokuba alale ngobubusuku, wake wabalela unina emazisa nge-ngxushu-ngxushu apakati kwazo, emcela ukuba angamlibali ukumyaleza kuma-“Nina Omtandazo.” Waza emva kokuziyaleza naye ngokwake ku-Sombawo—walala obumnandi ubutongo. Kusile ngengomso uvukele kwase msebenzini wake, ufikele kwesinye isimanga, “Yini, uhlelwa yintoni umfana wakwa-Dlomo?” Umntwana ongu-Nomfeketó, ute akuba engawufezanga umsebenzi abe wunikwe ngezolo, wahambisa wenjenje ukuzitetelela, “titshala andibanga naku-



wenza umsebenzi wam pézolo, kuba ndilele ndinga tyanga!" "Bekuténi Nomfeketó?" ebuza utitshala, "kungokuba kupákwe imbiza yakowetu ngu-Hili, side salubona ninyawo lwake."

Babonakala bebundweba nabanye abantwana besikula, no titshala wati akumfaka amehlo lomntwana, ubuso bake bamnqínela ukuba uqinisekile kulento ayitétáyo, upndíle wambuza, "uti Nomfeketó nide nalubona ngawenu amehlo unyawo luka-Hili?" "Ewe titshala, nangoku lusekó ekáya" watsho ukupéndula u-Nomfeketó.

Site sakupúma isikula, utitshala wazimisela ukuya kubona esisimanga asixelelwa ngu Nomfeketó; okunene ufike seyizalise apo impi ye lali yase Mbódamo, kuqwalaselwe exabeni apo kupékélwa kóna; ute akupósa amehlo pambi kwabantu, tyini! nanku umfo ehleli ze; enxibe amayeza entanyeni yake, kujinga ezingalweni zake amaqokobé o-sikolipati, amatámbo, inzipó zenciniba, nezikumbá zenyoka no-xam. Ute akumbuza utitshala lomntu ebantwini ukuba uluhlobo lunina! bate "yingcungela ye-Xwéle eli" ubone kuko nento egqunyweyo elutútwini apo pámbe kweli-Xwéle nge sikotile esidala; lite eli-Xwéle lakubona utitshala esondela, lase lisingqika esisikotile izitétá into enkulu, "okunene lunyawo luka-Hili olu, kodwa ke udibene nenkabi namhlanje, ndingu Joseph into ka Maciza mna; ndizakumbambisa. Kade ndisilwa no-Hili kunye ne-Mpundulu, ndike ndide ndizibambe nokuzibamba maxa wambi; zibonwe na ngabantu—Kanibone!" (latsho lisalató iziva ezidala ezise mzimbeni walo, ekubonakala ukuba zezo kuřwelwa ngameva). Kute inkabi yakwenjenje ukuzincóma, babonakala abantu ukuba baya ngcangcazela kukoyika ngoku.

Kubonwe ngo-titshala selefaka iminwe yake ezindlebeni zake, engafuni kubumamela obobuvuvu benkolo bushwaqwa yile ndoda. Nanko enduluka ukusinga ekayeni lake, engabulibali ubutataka bama-Kristu ase-Mbódamo, ukoyiswa kwawo zi-Nkolo ngoluhlobo; kuba yayi ngawo odwa la. Kuba ute yena akupósa amehló kelo lunyawo kutiwa loluka Hili; wafika ingelululo nyawo lumbi ngapandle koluka-Nomfeketó.

Kwati nge-Cawa elandelayo xa u-Púnzo waye nqula u-Tixo wake, kwi-tyalike yakowabo ye Sizwe; wati akulihlabela iculo labafundisi, ati amazwi alo amngxwelefa empéfumlweni; waziva engenamandla okuma. Wabonwa selezipósa pantsi ekála esiti, "O Nkosi yam! ndenze nam ndingasitihli isibane ondipátise sona—mandisikányise Bawo wam—mandisikányise ndixelise u-Ma wam u-Nofayile kowabo! O Tixo wam! mandingemki apa e-Mbódamo ndinga wenzanga umdá-wokányo."

#### ICULO LABAFUNDISI.

2. Kweshushu imitombo  
Yalap' e-Afrika,  
Kwintili nenilambo  
Nantso intlokoma;  
Babiza besikoba  
Siy' ezweni labo,  
Kwintambo zolahleko  
'Ze silikúlule.
3. Nangon' umoy' unuka  
'Buqólo e-Selon,  
Nezwe lonke lilihle,  
Kuncól' umntu yedwa ;

Izipó zika Tixo  
 Zifana zipíwa,  
 Um-heden' ngokungazi  
 Ukonz' izidalwa.

4. Singati na, sibona  
 Ngokányo lwezulu,  
 Sifihle isibane  
 Kwa bangaboniyo ?  
 Memez' usindiso,  
 Kuve nabakude  
 Balazi elogama  
 Lo-Mesiya wabo.
5. Yiqubeni, mimoya,  
 Nani manzi nonke,  
 Lembali yo-Msindisi,  
 Iligqib' ilizwe  
 Lihlambuluke lonke,  
 It' i-Mvan' ibuya,  
 Isiza kulilaula  
 Ifike ngovuyo. Amen.

Esi sikálo sika titshala sitsho indlu yonke ye-  
 nkonzo yangenwa lufefe; batsho bazi zishwayi-  
 mbana. Ite yakupúma inkonzo, kwacitákálwa nga-  
 bantu ukuya ngendawo zabo, bebúla besela ukuteta  
 nokucinga; bengayazi into engene utitshala. Naye  
 utitshala wabonakala egoduka intliziyo yake izele  
 lusizi, ngenxa ye-Sizwe sakowabo esimnyama sase-  
 Mbódamo, esifeketá ngezinto ezi bubomi baso  
 ngokwabantwana bedlala ngama-bástile.

Ngobobusuku xa azakulala wawuscka umtá-  
 ndazo wake pezu kwalamazwi o-Mculi. "Yiva  
 umtándazo wam, Nkosi, kubekele indlebe ukuzibika  
 kwam : ungati tu ezinyembezi zam."

## ISAHLUKO XIX.

### “U-TIXO NGOWOKUTENJWA NGUM-KRISTU.”

---

Uhleli wahlala lomfana, wade wabonakala eyigqiba iminyaka emine kwesisikula, pakati kwezanzwili zenkatazo, azenzelwa ngabantwana nabazali babo ngabom. Abantwana abatutá indaba zolwimi esikuleni, bayo kutélekisa ngazo abazali babo notitshala. Maxa wambi abazali batétá kakubi ngo titshala pambi kwaba bantwana abafundisayo, kuze kwakusa ababantwana bangabonakalisi mbéko ku titshala esikuleni; kuba beve konke ngaye komawabo ngepézolo.

“Ngenyaniso abazali aba loluhlobo, abamsulwa ekubeni ngaba bulali,” babe kweso simo kanye abazali base Mbódamo.

Kute kwesi-siyilayila sale ntlalo yake inje kulendawo u-Púmzo, noko wazama ukwaká into pakati kolusapó lwaké; into eyakuba luncedo kulo nakwi-sizwe salo. Kodwa ibe ngumzamokazi omkúlu ukuncotúla olusapó kubazali balo; ude ke noko waloyisa ekugqibeleni. Kwesi sikula u-Púmzo waseka “u-Manyano loku-Zaká” pakati kosapó, oko-kukuti olu-manyano lwalu nezinjongo zilandelayo:—

(1). Mayiti into ehlele umntwana omnye, nokuba kukufa; lonto mayibacúkumise nabanye abantwana, benze ngangoko banokukwenza, ukuhlangabezana nalomeko omnye akuyo.

(2). Kolumanyano máutotyelwe umtétó ka-titshala: ahlonelwe njengomzali. Makade umntwana axolele noku buncama ubomi baké ukuba kunokwenzeka, ezama ukufeza umtétó wetitshala yake okanye ayikúsele.

(3). Mabahlonelwe abazali, umntwana ayazi indawo yaké; asixabise kakúlu isizwe saké.

Nabantwana abangahambi-Sikula babe vunyelwe nabo ukuba bazimanye kolumanyano; okunene baba baninzi abantwana abaloluhlobo abazi manyayo kolumanyano; lwaqúba ngoku ngummaliso pakati kosapó lwase Mbódamo.

Yabukeleka into yokubona ukutándana kwabantwana, besenzelana izinto ezinkulu zobubele; kwa nokutándwa kuka titshala ngabantwana bake kungekónto inokungena pakati kwabo naye, yatsho lonto wanzima lomfana apa. Kutiwa aba bantwana bebe mfumana umntu atsho abe sisonka, oke ngempazamo wazama ukunyelisa utitshala pambi kwabo.

Kute kwakuba nje, baqala kaloku abantu ngoku bahlulelana pakati; kwako iqela eli ngaku titshala, waqala ngoku lomfana wane zihlobo ezimtánda ngoku ngazenzisiyo.

Zité ngoku zakuhamba ngoluhlobo izinto, u-Púmzo wamangaliseka akuzi guquguqula izimvo zake, ekúmbula intlalo yake cfafa kule minyaka emine alapa; nanku namhlanje, eneqela labafeli baké: zité zakumfikela ezinkumbulo u-Púmzo, wavakala seletétá yedwa esití:—"U-Tixo ngowokuténjwa ngum-Kristu."

## ISAHLUKO XX.

### UTYELELO LO-MFUNDISI E-MBÖ-DAMO.

---

I-Káya lomfundisi wesi sikula lalikude kule ndawo, likwi sitúba semayile ezi ngama 30, umsebenzi wonke wale-ramente nowe sikula esi, ebe wugcine ngembálekwanó ne gosa; engazange yena eze isiqu apa.

Kute zakuxika ukufika incwadi ezimangalela utitshala ku-Mfundisi, wade naye wazimisela ukuya kuyivelela lendawo; okunene ke ubálele igosa emisela usuku amaka hlangatyezwe ngalo esitishi. Umfundisi ufike ngolosuku sekuzele apo esitishi, yimpi ezokumhlangabeza. Wokúmbula umhlobo wetu u-mlesi ukuba lomfundisi, wayeqala ukuza apa, wonke umzi lo, wawu nentshukumo ngokuza kwake.

Wati umfundisi akubona isiqu sempí ezo kumpútuma esitishi, wahle waqonda naye ukuba umzi lo ungecala lake. “Babe zokwenza nina aba bantu bangaka apa esitishi?” “Inkoliso yabo yayi zintshaba zika titshala, babe zokuzenza bahle kumfundisi lo wabo ngo titshala. Abanye babe nganele kuza kuncólisa titshala lo yedwa koko babe zokuzingcwalisa nangamanye ama-Kristu.

Inxenye yabantu bakowetu aba ngama-Kristu, bayayitanda lonto, yokuti umntu angoyiki ukuya kuhlala ngomnye um-Kristu ku-mfundisi; asazi nokuba bayasidela-na isilumkiso so-Mculi esiti:—

“Omhlebayo ummelwane wake ngasese: lowo ndiya kumbangisa.” Ikólisile impi yakowetu ukweyela kulo mhládi—ungade ubone wena esiti omnye umzalwane nomzalwanekazi akudibana nawe, akwénzele obushushu ububele; ade ati nokuhleka oku, akuvelisele nelesizo izinyo “Lumka, yingozi yako leyo!”

Lomntu elé kwako selekumbéle umhladi onzulu; uhamba nje séulizoté nakwamanye ama-Kristu la, ngenxa yesimilo sako esibi abasive ngomnye um-Kristu; le yenye ye-Ndemoni ewenzakalisileyo umzi ka-Tixo ongama-Kristu ngakumbi ngelixesha sikulo. Zipólile inkonzo zika-Tixo, zitsho zanga madikidiki; ngenxa ye-Ndemoni yentle bendwane. “Uyakukónzwa ninina u-Tixo wenyanyiso sisizwe sakowetu esimnyama, kulityelwe kukuhletywana nje? Uyakuzicikida ninina m-Kristu-ndini pambi ko-Tixo! ulibele zizenzo zomnye nje; ezi zakó zikóhlakeleyo, uzishiya nabanina?”

“Apína kodwa amagoŕa enene omnqamlezo i aké ayigcuntse le-Ndemoni, njengokuba sey! wenzakalisile nje umzi wakowetu, ongama-Afrika!” Usizi apo lukóna, bati abo baqútywa yile-Ndemoni bade bayokwenzakalisa nabafundisi, abona bantu balitémba letu ngakwicala lobu-Kristu; kuba kaloku abafundisi aba, banga bacamagusheli betu ku-Tixo, kuba bafunjatíswe indyebo zase-Káya ngu-Sozinceba. Ungafika umfundisi osele nxwéleŕiwe yile-Ndemoni, seleli nxwenxwem pákati kwe famente yake, enabantu anga sabatándiyo nokutétá oku nabo, kuba selevile ngezimo zabo ngo nantsi—aqale ke ngoku akuba njalo, aye epélelwa nanga mandla o-Moya, kuba naye kaloku ngoku selengene kulo

ngoma yokuhleba ; isipélo salonto yonke usuke agqibele ngokuba likápúkápú, pákati kwalo-remente yaké.

“Ewe ufanele ukuba njalo umfundisi ololuhlobo ; kuba usakuba kaloku eyilahlile into abe túnyelwe yona kulondawo : ubukó bake uzokubopá zonke izimvu ezapúkileyo ; angacekisi nelulupina uhlobo.” Ute ke umfundisi akuhla esitishi, wafika apo sele lindwe sisibózo samadoda ngo gosa, kunye nama-kósikazi amabini ngomka gosa ; lempi inlinde umfundisi lo, ngenqwelo ebotshwe isipani so-ndlebende. Wotúka kakulu umfundisi bakumazisa ukuba kuzakuhanjwa imayile ezili 18 ukusinga e-Mbódamo ; kodwa ke noko akakátála kakulu, kuba uzakukwéla entweni.

Yakwéla yonke lompí kunye nomfundisi kule nqwelo, kubonakala ukuba lento yokuzisa inqwelo yo-ndlebende esitishi apa yayenziwe ngabom ; kuba undlebende ngulowo waziwa ngumntu wonke ngokucotá kwake, kwaye aba, babe sebeñuqulwe nayi lendlela kuba babe soloko beyihamba yonke imihla ukuza kupútúma impahla zama-Búlu apa esitishi ; babe sebeñoqoza nokuhamba oku, kukucujulwa yile ndlela.

Sití esisenzo oyihlo aba babe senza ngabom ; babe funa ukuya kufika e-Mbódamo sebe mkólisile ukumhlutisa oku umfundisi lo ! ngezinto ezimbi ezenzekayo e-Mbódamo. Okunene yagoqoza inqwelo nabo—benduluke apo esitishi ngezitúba zedinala ; bahambe lomvakwe-mini yonke nobusuku bayo, bada baya kufika e-Mbódamo ngentsasa elandelayo ngezitúba zika 9.30 a.m.

Kutiwa kwabe sasuka njalo apo esitishi, bamwela ngezase-Mbódamo umfundisi, baza nokuhlala oku apo enqweleni, benza isanqá ; bamfaka pákati



kwabo. Baman' ukudywidana ngaye ngokutétá, benga nikani matúba, yena sele-manukupúngu-púnguza pákati kwabo, ezama ukubakólisa bonke ngoku banqínela kwezonto bazitétáyo.

Bate bakufika e-Mbódamo, umfundisi wasiwa kwa-Lizo, ekubonakala ukuba igosa laba nentloni ukumsa apo lihlala kona, kuba umfundisi uyakubona amahlazo kwake paya, lawa awafihlileyo kuye kuyo yonke lendlela; enye into indlu awaye hlalisa kuyo ititshala, yayi lhlazo eloyikekayo kuyo yonke lolali. Ute umfundisi akufika kwa-Lizo, wafikela kobuvuzayo ububele, ade u-Lizo wamxélela etyebe kunene inkabi ye-bókwe, ebonakalisa ububele anabo apo kumfundisi. Ngobobusuku xa kudliwayo, waqala u-Lizo wacúba eyakéingcombolo yokupátéka kakubi kolwaké usapó esikuleni, awade ngenye imini, utitshala wafumana waluvunukela ngokulubeta, ngokusuke luti luhlamba ifestile zesikula, lusebenzise amapépá amadala ajinga eludongeni lwesikula—ute kanye xa ati “be——” bonke apo endlwini botúswe sisikálo sika Dideka, ate no-Tándiwe akumva umsakwabo ekála; naye watélela kwakulo ngoma.

Kute kuba lo mfundisi wayebatánda kakúlu abantwana, wabehle wapánga ngokubabuza eyona nto bayililelayo, “Nililela ntoni bantwana bam?” Kubehle kwapéndula u-Dideka “Sililela utitshala wetu mfundisi, ekutétwa kakubi ngaye ngu tata; akanakuze asibeté singonanga! ayikó lonto mfundisi!” batsho benqínelana kulonto ababantwana. Udáno awalufumanayo u-Lizo ngobobusuku, asinakulubalisa; ukuti esanyelisa utitshala ngoku emzini wake ku-mfundisi, suke abantwana bake yena Lizo, bampóxe ngoluhlobo! wabonakala esuka apo etafileni, selekohlwe nokumjonga oku umfundisi, nanko

esiya kuzipósa pezu komandlalo wake, engamcebi-sanga umfundisi.

“Akuvanga! kunjalo Lizo ukuhleba oku! wena usabambe into endala yokuhleba ngo titshala pambi kwabo bantwana bako; akulivanga-na olu manyano bakulo abo bantwana bako ngoku? Utitshala u-Púmzo useke umanyano lokuzaká pákati kolosapó sikuxelele ke tina, ukuba mayiti into ecúcumise umntu omnye kubo—lonto mayibacúcumise bonke nabanye; akuvanga!” Kute kwakusa kuba yayi lolwesi-Hlanu lomhla, kwasa egaleleka kwakusasa utitshala, wayicítela apo yonke lomini yom-Gqibelo, bebukana no-mfundisi kuba babe qala ukubonana lomini; lonke itúba eli, babe sazana ngembálelwano; kuba nokuze umfundisi ambizele kwesisikula u-Púmzo, wayemve ngo mfundisi wake wase Qa-gqiwa.

Lite xa ilanga liti “Nditenge ngoku” u-Pumzo wanduluka ukusinga apo ahlala kona, benqopísene ukuhlangana etyalikeni ngentsasa elandelayo; kuyo yonke longxogxo babe nayo lomini, ibe yingxoxo emnandi epilisayo; ate lomfana wamana embalisela umfundisi ngezinto ze-mfundo, nange zinto engezi senziwa sisizwe sakowabo esikanyiselweyo; ebonisa nangeziqámo ezihle ezingadálekayo kwi-kamva le-Ndl’ e-Mnyama, ukuba zinokulandelwa ezo zinto. Enye into emmangalisileyo umfundisi, lomfana akakange enze nezwi elinye lokuba kálazela ababantu base-Mbódamo, nto nje usuke wabancoma kakúlu ngokumpáta kwabo kakuhle ngalo lonke elitúba apákati kwabo; nto asuke wayitétá buncoko utitshala yeyokuba “u-mkúlu noko wona umsebenzi ku Ma-Kristu apa mfundisi.”

Kusile nge-Cawa bavukele ezi nkonzweni. Wotúka kakúlu umfundisi u-Felinene kuba yayi

ligama lake elo, akuyibona indlu ka-Tixo imi entlango, ingumzekelo kanye womqolombá wezihange. Uziqúbile noko umfundisi inkonzo zake pákati kobo budidí encedisana notitshala; acaca amazwi até-twé kuye buncoko ngu titshala izolo, oko ehesiti, "mkúlu noko umsebenzi ku Ma-Kristu apa mfundisi." Ipúmile inkonzo umfundisi utánde ukuya kubona umzi we titshala kwa gosa, nalapó ubone esinye isimanga! utitshala wayehlala enqugwaleni elali ngazange ligqitywe ukutyatyekwa; izinti zazi-pánde, linga fulelwanga nakakuhle pézulu, umoya uzibonela indlela yawo pézulu entungo naseludongeni; wamangaliseka umfundisi ukuba lomfana wakwa-Dlómo makabe uyigqibe njanina leminyaka mine! xa kanti oko wafikaya apa, akazange ahlale ndlwini yimbi ngapandle kwale.

Wahlala iveki yonke umfundisi kulendawo, wazimisela ukuhamba engena kuyo yonke lemizi yale famente yake. Ngenye imini emva kwedinala, wahambela kwa-Xólimbála owaye ligosa lentsimbi apo etyalikeni, ufike apo kuhleliwe pánde kuhlinzwa ibókwe ngamakwénkwe ka-Xólimbála. Ute akufika apa wanikwa isihlalo pánde ngumninimzi u-Xólimbála, waza wawayalela amakwénkwe ake ukuba makabe ehlinza logama yena asatétá nomfundisi; uvakele selebékisa kuwo esiti:—"Mahlezana! Káulezani níkúpele umfundisi lo, isibindi eso!" akáuleza amakwénkwe asikúpá isibindi asizisa pambi koyise wawo. "Sinikeni u-Nosamana lowo, nitsho asibáke kakuhle ngembiza seso-mfundisi!" (watsho esalata inkosikazi yake u-Xólimbála) ukáulezile kwangoko u-Nosamana, babone ngaye umam-Sukwini selesizisa pánde ku-mfundisi, sesivutiwe. "Yiza sitye sobabini mfondini!" watsho umfundisi ku-Xólimbála. "Hayi andinakutya nawe,

ndiya koyika kuba ungu-mfundisi!" (watsho u-Xólimbila etshotshobelega paya). "Kungokuba kuteni mfondini, ukuba undoyike ndikwa ngumntu nje? Ndikwa ngum-Xósa njengawe lo, um-Ngwevu; akundazi! yiza sondela m-Cete sukubótolosha maan!"

Ute akwenjenje ukutétá umfundisi, wabonakala esondela u-Xólimbila. Kute xa baqalayo ukusitya esisibindi; zaqala zavela kaloku indaba ku-mnini Káya, asazi nokuba waye senziwa kukuhla kamnandi kwe-sibindi emqaleni sinina, u-Cizama lo! kuba sasiroqwe kakuhle kakulu ngu mam-Sukwini, kuba lomfazi waye licúlekazi ekupékeni akatyolwa kulo-nto. Esi sibindi sale bókwe waye siqólaqóle into zake ezimnandi zase-Mlungwini, kuba kaloku wenzela umfundisi; "Hayi le titshala ayisixolisi tina ngemikwa yayo; itánda kakulu ukuhamba pákati kwa-maqaba, kanti ke tina asiyi—"akaligqibanga elozwi kubonwe ngamakwénkwe sele yishiya njalo lobókwe ebe yihlinza. Upánge uyise wawo wawabuza ukuba kutenina eyishiya nje lebókwe emehlweni ezinja? Ate ukumpéndula lamakwénkwe uyise; "Simkiswa nguwe tata, kuba utétá kakubi ngo-titshala ku-Mfundisi; kanti ke akanjalo yena utitshala wetu, uyampóxa mosi tata!" Wafumana wesuka ekohliwe zintloni u-Xólimbila, wavakala seletshotozelisa "uyakundixolela mfundisi, ndisaya kuncedisa lamakwénkwe ukuhlinza!" Kutshiwo yinto ebuso butshazileyo kukudana, isimanga kukutsha oku kwelizwi lika-Xólimbila, kuba lonke elitúba ebencokola no-Mfundisi, ilizwi lake belivulekile; lizokutsha emva kwale mpendulo yalamakwénkwe ake.

"Kunjalo kanye Cizama! nokuhleba oku noko kumnandi nje, kuke kube nemihla emibi. I-Titsha-

la yenu ihlala ehlazweni le ndlu, akuyitétí lonto ku-mfundisi apa.”

Kute kuba ilanga selisiya kutshona, wanduluka umfundisi ukusinga apo alala kona kwa-Lizo; efunde kwakona namhlanje enye into ngalo mfana. Njengokuba umfundisi wayigqiba yonke iveki kulendawo, wafunda izinto ngezinto ngala ma-Kristu ase-Mbódamo. Wahamba engena kwimi nyango ngemi nyango, ewufunda umzekelo wobu-“Nkokeli benene” balo mfana, kubo bonke abantwana abafundisayo; kwezinye indawo wafika kubazali aba-neqayiya ngefundiso ze titshala yabo. Kweminye imizi wawabáqa amadoda aké angaba shumayeli, esa-ngxatéle ibékile zawo ze ndywala; wade naye ngenye imini, xa waye ncokola no-titshala, wavakala sele pimisela ngokuti, “Inene titshala ubu-Kristu benene buya lambátá apa e-Mbódamo.”

Kute ekupéleni kweveki, umfundisi walungiselela ukugoduka, pofu engadange abe nokuzibamba intlanganiso abe menyelwe zona ngalamadoda; kuba umfundisi uzokufika apa, umzi lo sowahlulelene pákati, iqela elininzi seyileli ngaku titshala, singa satétí ngabantwana; inene waye sele baginye bonke abantwana belali yase-Mbódamo abe sikula nababomvu. Namhlanje i-ramente imqeshele ikari yama hashe yakwa-Mehlomane; umlungu ongu mnini walo fama yase-Mbódamo. Umfundisi ucele ukuba maka-kátshwe ngu titshala namhlanje: Otúke akalibala, akuyiva lenteto amadoda amakúlu angaba Shumayeli; kuba ayenyeke ukumpéleka umfundisi, zazi sezilapo inkab' ezinkulu! sezitsho ngeruqayo imitíka; adána kakubi akumva umfundisi ecela utitshala, lo yena kanye bebe mnyelisa kuye.

Lo-mfundisi ebe loluhlobo, ebe yitánda kakúlu ititshala, efuna ukuba mayimtémbé, ukuze naye ayi-témbé. Wanduluka ke umfundisi ngentsasa elandelayo yom-Gqibelo, ekátshwa ngu titshala: Waye umfundisi lo efunde izinto ezinkulu ngalo mfana wase Ma-Ntandeni, ukukwazi kwake ukunyamezela indawo enje-ngale; wayexelelwe kakuhle nangokupáteka kakubi kwalo-mfana kulendawo; zizihlobo zaké. Nto yesibini akazilibalanga iziqámo ezihle zemfundiso zalo-mfana pákati kolusapó lwase-Mbódamo. Bala xa bahlukanayo, utitshalala wamfumbatisa umfundisi incwadi yake ye-Notisi—kanti unotisela ikota ezayo. Ute umfundisi akumbuza imbangeli yale-notisi yake, ute ukupéndula u-Púmzo, “kungokuba mfundisi, ndiyafuneka ekayeni lam e-Qagqiwa, emva kwezayo ikota. Kuba kaloku mfundisi—Kaloku mfundisi—” (wequzu ngokuhleka u-Púmzo).

Ewe ndiyaqonda titshala ufuna ukuti, kaloku mfundisi kuko into enditsalayo kona” (watsho encuma umfundisi).

“Kunjalo kanye mfundisi” (ehleka kakúlu u-Púmzo).

Babulisana ngezandla behleka bobabini—bahlukana. Ite xa indulukayo inqwelo yomlungu, wetá lomfana ezingqondweni zalo-mfundisi, emvela usizi akukúmbula nange ntshaba zake apákati kwazo e-Mbódamo; abe yena eloxa ebonakalisa ububele kuzo, evelisa neziqámo ezihle pákati kosapó lwalendawo: Uvakele seletétá yedwa umfundisi esiti: “Ewe unyanisile u-Mculi kwawase-Wesile xa ati:—

“Makadunyiswe u-Mkokéli,  
Ngalomzekelo wake,  
Kungasweleki umlandeli,  
Wase mkondweni wake !”

Uhambile ke uloliwe no-mfundisi, waya kumpósa eluvuyweni lokwamkelwa lusapó lwake ; efikile kona akamlibalanga umfana wase-Qagqiwa. Nana-mhla oku, umfundisi u-Felinene usatétá ngalo mfana, ungamva selesiti nokuba uya shumayela um-Nqwelo, ngamadodana ayakuyi-qúba le-Nqwelo, ngamadodana aya kukwazi ukunyamezela nje-ngo-Púmzo.”

## ISAHLUKO XXI.

### U-PÚMZO UBUYELA KOWABO.

Kute k'wa-esafika ekáyeni lake umfundisi, wabehle watúmela ku-gosa emazisa ukuba u-Púmzo, uyagqibela ukufundisa apo e-Mbódamo ekupéleni kwe-kota leyo; lencwadi iwotúse kakúlu umzi, waza kwa-oko wenza indlela zokumnqanda utitshala; koko yena umangéle, kuba kwakukó into eyayimtsala shushu ekáyeni. Zikáulezile zona inyanga ze-kota, kute kunge-kaqondakali, kwavakala ukuba sekusele iveki enye izikula zivalwe; wabúdzela umzi ukumenzela amalungiselelo ombuliso, nabantwana besikula kwakunye neqela lomanyano alusekileyo u-Púmzo, nayo ibe nezayo intshukumo lompi.

Kwati lwakufika usuku lokuvalwa kwesikula; utitshala wenzelwa imbúto yombuliso yiyo yonke impi yase-Mbódamo. Kute xa kwenziwa amazwi abuhlungu ombuliso, enqinwa namhlanje nangezinto ezintle, afike lomfana wazaká kulendawo, nange similo sake sentobeko esi ngumzekelo kuye wonke umntu wase-Mbódamo. Kubonwe ngesitétí xa sikulo mazwi sesihlala pantsi sintywizisa—sicuntsula kulento yabantwana.

Ute akwenjenje u-Lizo, kuba yayi nguye esi sitétí sasi nyuliwe, yatúnukala yonke indlu yatsho ngesijwili; lite neqela lomanyano lokuzaká, yaba kwayilonto. Upákamile kwakona u-Lizo waya pámbi ko-titshala, wamfumbátisa imali engange



£10 esiti, “Nalo ke titshala icuba lombuliso olincazelwa ngo yihlo aba” watsho waya kuhlala pantsi.

Kwesi sitúba kupákame u-Mahlezana (inkwe-nkwe yesikula) omele impi yomanyano, naye uqokele kwakwelo lika-Lizo, “Titshala! nalo usiba oligcina i-inki kulo, uliténgelwe siti mpi yomanyano, sifuna ukuba uzube nokusibálela wakufika kowenu e-Qagqiwa!” ute ehlala pantsi u-Mahlezana lwabe seluyiti ripé ingoma engu “Hamba Kahle” usapó luka-Púmzo; lwayitsho namhlanje lengoma olusapó, ngohlobo olungazange luyivume ngalo.

Usukile u-Púmzo seleyinto epélelweyo nanga mandla okutétá, wanele nje ukuti “bo-bawo nani bo-ma, nani lusapó lwam, ndiziva namhlanje ndinge nawo amandla oku nibulela, koko sendisiti, ndonitúmela izwi lam lombulelo, ndakufika ekayeni lam” utsho wahlala pántsi.

Kute emva kokwenziwa ko-mtándazo obuhlungu, owawu senziwa ngu-Dokolwana igosa lomzi la-lapá, kwacitákalwa. Kuse enduluka utitshala nge-Kari yamahashe, awaye yiqeshelwe kwaliqela lomanyano olo; lumkúpéle namalungu amane okumpéleka, u-Dideka no Nomfeketó (lowa webali lika Hili) u-Dumani no Mpohlwana (lowa waye nqandela i-Komiti inja ngobabusuku). Botúswe kukufika esitishi sekuzele lusapó lwesikula, nenxenye yabazali balo; ekute kanti lempi, induluke kwangepézolo e-Mbódamo.

Ute akuhla ekarini, wasele kwéla kuloliwe, kuba waye selemlindele. Kwala xa andulukayo uloliwe, savakala isikálo sosapó lwesikula; into eyatsho akabi satánda nokuvela oku nge festile, wade waya kufika kowabo e-Qagqiwa.

## ISAHLUKO XXII.

### UBUMNANDI BE-KÁYA E-QAQQIWA.

“U-Yehova ungakum, andoyiki;  
angandenza ntonina umntu?”—  
(NDUMISO CXVIII: 6).

Efikile ekáya u-Púmzo, uvuyiswe kukufika umkúluwa waké opákati ekutiwa ngu-Wezani, nodade wabo u-Nozibonela, bekó ekáya, bati kanti babuyile eluřeqweni lwabo. Kute ndawonye nokufika kuka-Púmzo, kwala ngentsasa elandelayo, wagaleleka u-Nkatazo into enkulu ka Mbéko nosapó lwayo; ute kwa esangena emnyango, wasitsho isililo ecela uxolo kubazali baké ngesenzo awasenzayo, sokuti ngokumonela umninawe wake emfundweni yake, asuke yena eyinkulu yalomzi, ajike alilahle ikáya lake. Uhambise wenjenje:—“Nase-Kapa apo andilungelwanga nto, ishishini lam lezihlangu lati endaweni yokundipákamisa laba kokukóna linditshonisayo. Ne-Ntombi yam enkulu u-Nozililo yandishiya ngokugcagca ne-řumshana lakwa-Dukatole e-Rautini. Ndixoleleni bazali bam ngokunishiya, nawe mninawa wam Púmzo, ngokukumonela emfundweni yako—yintonina lento nditi ndakulala, ndiman’ ukubona ikáya eli, no mama wam lo, elila enditandazela! ndixoleleni! ndixoleleni!” bapéndula bonke sebelila apo endlwini bati, “Sikuxolele.”

Lomfana waye lidlakadlaka ndawonye no-Nofinishi inkosikazi yake, engumfanekiso kanye womfana wolahleko; ekubonakala ukuba inkatazo kanye

zazimfumene e-Kapa. Kute besaté nqadalala sesi-siganeko sokufika kuka-Nkatazo, babone ngo-Solani sele ngena emnyango, etwele naye owake umgodlo wempahla yake, botúka kakulu nayileyo yokufika kuka-Solani, kuba ebe sandul' ukubabálela abazali bake kwakunye no-Púmzo—ebacela uxolo ngokumka kwake ekáya, waza ke wabamisela ukubuya ekufeni kwezayo inyanga.

Uvuyo olwaba kulomzi ka-Mbéko ngalemini, asinakulubalisa; kuba u-Nofayile ukutátela oko lwacítákalayo olusapó lwake, akazange abonakale engumntu owonwabileyo empéfumlweni; koko nje nge-Jonikazi, wayezitébise ngokutébela ku-Tixo; engazange nakancinci ayishiye lendawo, yokucítákala kosapó lwake ku-Ma-Nina omtándazo xa bnhlangeneyo ngolwesi-Ne.

“U-Tixo maxa wambi uke azisebenze izimanga zake emini ku Ma-Kristu, njengokuba kwabanjalo kulomzi.”

Ité ukuzaliswa kwayo le-Ndebe yovuyo kulomzi, kwati kuba ebukweni buka-Púmzo, bekuse kulindwe ukubuya kwake e-Mhódamo, ukuze balinikelwe igama abayeni. Kute ngoku kwakuyiwa kwa-Lungile ebukweni buka-Púmzo, lanikelwa igama; kwangoko lasiwa kwa mfundisi.

Kwalile kwicawa engapambi kweyo mtshato, utitshala watyelela ebukweni bake ema-Tipéni kwa Lungile; u-Lungile lo waye ngomnye wabashumayeli abapámbili base Wesile apa e-Qagqiwa. Kwati kuba waye saziwa ngokuza kwake, wafika zonke izinto zilungile, ebubeleni obungatétékiyo. Kuse egoduka umyeni ngemini elandelayo, epélekezelelwa ngu-Nompucuko umntwenyana.

Bate xa bahlukanayo, wavakala u-Nompucuko ebuzá kwi sitándwa sake, “Kuteni sitándwa! unga-

zange uzipëndule nje incwadi zam ezimbini, enda-  
ndikubálele kulenyanga ifileyo usese-Mbódamo?"

"Hayi toio Nompucuko, anditándanga kuzi-  
pëndula, kuba ndisazi ukuba ndiyagoduka—siza  
kubonana kakade" watsho ukupëndula u-Púmzo.

"Kanene liya gqityelwa namhlanje! Káuncede  
undixelele sitándwa sam. Ndingazange ndiye  
Sinaleni nje mna, ubone ntonina kum! uzishiya  
nabanina ititshalakazi?" ebuza u-Nompucuko.

"Nompucuko! Nompucuko! ndizigqibile zo-  
nke intombi ezifundisiweyo, kwane zalapa e-Qagqi-  
wa; ndifuna lowo utándwa yintliziyo yam, andiba-  
nga nakumfumana.

Kodwa wena, usuke wazigqwesa zonke ezinto-  
mbi, ugenxa yesimilo sako. Endite ke kwakuba-  
njalo, ndakubona ukuba siyakuba nokutwálisana  
inzima, xa sinyuka induli, namaqina elilizwe.

Musa! ukundiwezula toio Nompucuko; inene  
uyinxwélefile intliziyo yam ngomjezulo omnye!"  
watsho kalusizi u-Púmzo.

Ute akwenjenje ukupëndula u-Púmzo, lamazwi  
amngena kabuhlungu u-Nompucuko, wati akumfaka  
amehlo lomfana, wazibona enomlondolozzi woku-  
mgcina kubo bonke ubomi bake, sati nesinqála abe  
naso, kuba waye sandul' ukulahlekelwa ngu nina;  
wasiva sipélile ngapákati kuye.

Bati bakuba bejongene umzuzwana, bebambene  
ngezandla; baza emveni kokuba bebukene ngoko-  
hlobo lwabatándanayo—bandul' ukwahlukana.

Lwakuba lufikile usuku lomtshato, waqútywa  
umsebenzi womtshato, ngu mfundisi wase-Kay'apa,  
u-Tiyisono igama lake, encedisana nowase-Bhayi,  
owaye lapó ngokucelwa ngulo wase-Kay'apa.

Awulityalwa ubukúlu balo mtshato e-Qagqiwa,  
unanamhla oku; kutiwa kwenziwa amabali afundi-

sayo ngabafundisi eziyalweni zabo, ngo-Mfana-wase-Qagqiwa. Owapúma kowabo epéte imbéwu, atúnywe ukuba ayo kuyihlwayela e-Mbódamo; até akufika kóna, wayifeza into abe yitúnyiwe. Obuye apó e-Mbódamo seletwele udumo loloyiso.

Batété kakúlu nange similo esihle sika Nompucuko, awoyisa zonke intombi zase-Qagqiwa ngaso; lalikúlu elokuba, “Indonga ziwelene namhla pákati kwama-Ntande nama-Tipá.”

Yaba ngumtshato omnandi kunene, owatsho bonke abantu bazaliswa yimincili, yokuvuyela umfana owoyise ilizwe, kwane-ntombi ekwanjalo: lulapó lonke usapó luka Mbéko.

Kute pákati kwalo-mincili yemivuyo, wavakala selebongisela u-Nofayile esiti:—“U-Yehova ungakum, andoyiki; unokundenza ntonina umntu?”

## ISAHLUKO XXIII.

### ELOKUPĒTA.

---

Kute emveni kwalo mtshato, usapó luka-Mbéko lwatándana ummangaliso. Bati abakúluwa baka-Púmzo, babonakalisa utándo abangazange balubonakalise ngapámbili kumninawa wabo; u-Púmzo, kwelikáya lake wapátwa ngoko sana ngabakúluwa baké. U-Nosizwe, ngoku naye bebe mfeketisa, ngoku ngati uyi ntombi yase-Kay'apa; latsho eli káya layinto emnandi.

Kutiwa ngokuhlwa ubungafika kweli-káya, kuhleliwe, kungqongwe abazali lulo lonke olusapó; unina walo u-Nofayile seleli-xegokazi, kodwa uselitéma emtándazweni wama-Nina: U-Mbéko uyise walo seleli-xego esekunzima nokusuka oku! kodwa olwatándo waye nalo ebutsheni bake, lusavúta unanamhla oku.

Bonke ungafika bejonge ku-Púmzo, eman' uku-babalisela ngembándezele zaké zase-Mbódamo, awati yena ngenxa yokukonza u-Tixo nesizwe saké esimnyama, wazinyamezela.

Kutiwa ebesakuti xa azibalisayo ezimbáli zaké zilusizi inkoliso yazo; aqukumbéle ngokubékisa kunina enjenje:—

“Mama, ukuba beningasoloko nindifukamile emtándazweni wenu wolwesi-Ne! nge ndingazange ndibe nawo amandla okuzilwá izilingo zase-Mbódamo.

Kodwa bekusakuti nokuba ndikobupina ubuhlungu bompéfumlo, lwakufika usuku lwa ngolwesi-Ne, bendisakuziva ndise mandleni kwakona."

Silugqibele ke mlesi lusapila lonke olusapó luka-Mbéko apo e-Qagqiwa. U-Púmzo no-Nompucuko inkosikazi yake, sebe nonyana ogama lingu-Velile. U-Nompucuko wonwabile pantsi kwe ngqeqesho ka ninazala. U-Nofayile uman' ukumfundisa izinto zobufazi, kwano-myeni wake u-Púmzo, akayekanga ukumfunela incwadi ezimlungelayo zokumaká ebufazini.

U-Púmzo selejongwe njenge ndoda enkulu, ngawo onke amadodana ase-Qagqiwa; kuba sekulapó kufunwa kóna amacebo, ngalawo anomnqweno okwenzela izinto isizwe.

Nantso ke mlesi imbálana yo-Mfana wase Qagqiwa, okónze isizwe sakowabo ngobu-titshala. Kuzo zonke inkatazo zake ezamhlelayo, asiva naka ncinci ukuba wake wamkálazela u-Tixo; endaweni yoko bekuba kokukóna azisondezayo kuye. Ebela-zi ixabiso le-tithala lomfana, ukuba iyi—"Nkokeli ye-Sizwe:" kumelwe ukuba ziyihlele inkatazo zelizwe njenge-Nkokeli zonke.

Púlapúla akutétáyo uti:—"Ndazinyamezela ezimbándezele, ngenxa yokukónza u-Tixo ne-Sizwe sam." Bezinga ke ititshala zakowetu ezi ngama-Afrika, zingayitátéla ingqalelo lendawo, ziziqonde ukuba zizi—"Nkokeli ze-Sizwe."

Elokupéta siti, nanko ke Ma-Nina Omtándazo olwesi-Ne! u-Mfana-wase-Qagqiwa, osisiqamo somtándazo wenu: italente abe-yinikiwe lomfana uyisebenzisile—akayi-fihlanga. Indima abe yinikiwe ukuba ayixabangele, uyifezile; ngenxa yokuxaswa nini.

Kúmbulani ukuba lento ngati kusekó umso-  
ntwana oseqúmayo; ngakwicala lobu-Kristu, ku-  
ngenxa yomtándazo wenu, ukuba niyayekelela,  
iyakuzika le-Nqwelo!


Kanivuke! niqinise zimazi zakowetu ezi-mnya-  
ma; nikúmbule ukuba inkokeli zetu ezimnyama,  
abafundisi ne-titshala ezi; ukuba niyayekelela eku-  
zitándazeleni! ziya kuqwengwa li-Ramncwa.


Sanukulibala kananjalo emitándazweni yenu,  
ukukúmbula ukuba kuseko indawo ezi njengo-  
Mbódamo, apo sicimileyo isibane kóna.


Bhota Mlesi Obekekileyo!


ISIPELO.













2 JUNE 1947

